




URhulumente
weNtshona Koloni

UPhuhliso loLuntu

Isicwangciso Sentsebenzo Yonyaka 2018/19



**URhulumente
weNtshona Koloni**

UPhuhliso loLuntu

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

ISICWANGCISO SENTSEBENZO YONYAKA

2018/2019

iSebe Lophuhliso Loluntu
eNtshona Koloni

(Ihlaziywe ngokwe errata yomhla we-25/05/2018)

INKCAZO

Inguqulelo yesiNgesi yesi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka yiyo ethathwa njengoxwebhu olusesikweni. Eli Sebe alinakufakwa tyala ngayo yonke impazamo ethe yavela ngethuba lenkqubo yokuguqulelwa.

Esi sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka sithe saqulunqwa liCandelo Lolawulo Eliyintloko Elijongene Nocwangciso Loshishino Nesicwangciso-qhinga, kwiSebe Lophuhliso Loluntu.

Ukuze ube nokufumana ezinye iikopi zolu xwebhu, nceda uqhagamshelane:

INtloko yeSebe
ISebe loPhuhliso lweNtlalo
Private Bag X9112
eKapa 8000
kuMzantsi Afrika

Umnxeba: +27-21-483 5121
I-Imeyile: Mishkaah.Sallies@westerncape.gov.za

PR08/2018

ISBN: 978-0-621-46044-5

Isihloko soXwebhu: Isicwangciso Sentsebenzo Yonyaka ka-2018/2019 yeSebe Lophuhliso Loluntu kuRhulumente weNtshona Koloni

INOMBOLO YOMNXEBA ENGAHLAWULELWAYO: 0800 220 250

IWEBSITE: <http://www.westerncape.gov.za>

IMBULA-MBETHE

UMphathiswa wePhondo kwiSebe Lophuhliso Loluntu

Xa ndandityunjelwa kwisikhundla soMphathiswa wePhondo Lophuhliso Loluntu (DSD) ngowama-2011, enye yeenjongo zam eziphambili yayikukuqhubeka nokuphucula iSebe ngokuphathelene nolawulo, ubunkokheli nokusebenza. Senze imitsi kwinkqubela phambili ukususela ngoko yaye unyaka-mali wama-2018-2019 kuya kuzinziswa ze kwandiswe le nkqubela phambili ngokuhambelana nezigunyaziso zethu zomgaqo-siseko, ezisemthethweni nezonyulo, njengoko zithiwe thaca kwizicwangciso zeqhinga zephondo kunye nesebe.

Nangona sifezekise uphicotho-zincwadi olungenaziphene oluzinzileyo (kunye neenkqubo zethu ezikwiqondo eliphezulu lolawulo ngabenzi ababalulekileyo bophuculo oluqhubekayo lonikezelo lwekhono leSebe), eyona ngqwalasela yalo nyaka-mali kukukugqitha ukuhambelana neemfuno zoMphicothi-zincwadi Jikelele ngeli thuba kuqhutyekakwa kuphuculwa kakhulu amalinge ethu okunikezelwa kwenkonzo.

NjengoMphathiswa wePhondo, ndingumxhasi ongenazintloni wenguqu ethi iphucule unikezelo lweenkonzo kwabo bazidinga kakhulu. Ngeli thuba kukho ukutsaleka kwemvelo nokunamandla phakathi kohambelwano nenguqu yokunikezelwa kwenkonzo, kodwa yinto endizimisele ukuyiqhuba kulo nyaka.

Nangona kunjalo, ndingengqiqo yokokuba ingqwalasela kunikezelo lwenkonzo nenguqulelo ihlangatyezwa ngumngeni oqhubekayo wokusetyenziswa kwezibonelelo zethu, ezemali nezabasebenzi, ngokufaneleke kakhulu. Oku kubalulekile kwisimo soqoqosho esisoloko sinzima kunye nezithintelo zohlahlo lwabiwo-mali.

Sisoloko ngoko siqhubeka sihlaziya nokuziqhelanisa kubume bethu bombutho, ingakumbi ngokubhekiselele kuphuculo lweenkqubo zethu zolawulo, ezithi ngokunjalo ziqinisekise into yokokuba izibonelelo zethu zibekwa phambili kwimisebenzi yethu engundoqo njengoko imiselwe nguMthetho waBantwana, uMthetho woBulungisa kuMntwana, uMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobiisi, kunye noMthetho waBantu abadala.

ISebe liyaqhuba ukuqinisekisa ngokuchaneka nokusebenza kwengcaciso yalo yokusebenza. Icandelo elingundoqo lale nzame liya kukufunyanwa kweenkcukacha zamanani zomsebenzi ezichanekileyo kwiiNPO esinesivumelwano somsebenzi ezingaphezulu kwama-2 000, kwii ofisi zengingqi zokunikezelwa kwenkonzo ezingama-43, kunye noluhlu lwamaziko okuhlala alawulwa lisebe alungiselelwe abantwana nabantu abadala.

Ngeli thuba ubudlelwane phakathi kweSebe namaqabane eNPO zethu buyimfuneko kwingqwalasela yethu yonikezelo, iSebe liya kuqhubeka nomgaqo-nkqubo walo wokwenza izigqibo ezilumkileyo ezibhekiselele kumgaqo-nkqubo wethu wenkxaso-mali. Siya kuqhubeka sisebenzisana ingakumbi nokwandisa inkxaso-mali yeeNPO kule mibutho ethi yangezelele ixabiso kunikezelo lweenkonzo zethu eziyimfuneko, ukulungiselela ukwandisa ikhono leSebe lonikezelo lweenkonzo zalo.

Uphuculo kwiinkqubo zethu zokubekwa kweliso novavanyo kunye nohlahlelo lwengcaciso yethu yokusebenza luya kuqhuba lusinika iinkcukacha zolwazi ezithi ziqinisekise ngento yokokuba abanikezeli benkonzo bayazinikezela iinkonzo abaxhaselwa zona ngemali. Inkxaso-mali yeNPO yabelwa kwimibutho ethi ibonakalise unikezelo lwenkonzo kunye nempembelelo. Sikwenza oku kwimigangatho ephakamileyo yaye asoyiki, asicengi okanye sibe nomkhethe weqela lezopolitiko. Siya kuqhuba sibeka phambili uqeqesho nokuphakanyiswa komgangatho wamakhono ebenqongophele abasebenzi ngokuhambelana nokuqokelelwa nokuqinisekiswa kwengcaciso yokusebenza.

Ngokuhambelana nokuzimisela kwethu kuphuculo oluqhubekayo lomiliselolunikezelo lwenkonzo olunxulumene neemfuno ezisemthethweni, eli Sebe liya kuxhasa yaye landise amathuba alungiselelwe abantwana kunye nolutsha olukulolongo lwethu ngesigunyaziso ezisemthethweni.

Siya kuqhubeka ngokunjalo sijolise kulutsha, sinogxininiso olukhulu kuthelwano necandelo langasese ukwenzela ukuhlumisa umthombo wenkxaso-mali olulungiselelwe iinkqubo zolutsha. ISebe lithathe isigqibo seqhinga esijolise ekuqalisweni kweQhinga lePhondo loPhuhliso loLutsha kusetyenziswa ukwandiswa nokuphuculwa kwee-Youth Cafés. Kuya kubakho ngoko ukwanda okubonakalayo kukuqaliswa kwee-Youth Cafés kulo lonke iphondo, kugxininiswa ngokukodwa kwiingcingqi zoluntu ezingafanelekanga zasemaphandleni.

Njengenxalenye yotyalo-mali oluqhubekayo kulwandiso nophuculo kokulunga kweenkonzo zethu kubantwana nakwiintsapho, iSebe liya kuwenza lula umthwalo wolawulo kwii-ofisi zesithili nezengingqi:

- Ngokubeka kwi-ofisi eyintloko imiba ethile yenkqubo yesixokelelwano sonikezelo ukulungiselela ukususa uxinzelela kwii yunithi zenkonzo yamaqumrhu amanyeneyo engingqi;
- Ngokususa umsebenzi wobhaliso loPhuhliso loBuntwana kwangeThuba (ECD) usiwe kwi-ofisi eyintloko;
- Ngokuqhuba uvavanyo ngokutsha lombutho lwamanqanaba engingqi ukumisela iimfuno zekhono zesithuba esiphakathi ezinokuthi zilungiswe xa kufumaneka uhlahlo lwabiwo-mali olungaphezulu;
- Ngokuqaliswa kweprojekti elingwayo yolawulo lomthwalo womsebenzi ngentsebenziswano neSebe leSizwe loPhuhliso loLuntu ukwandiswa kokuhanjiswa kwezibonelelo kwiindawo zengingqi zonikezelo lwenkonzo, kunye;
- Nangokwandiswa kwenkxaso-mali yeNPO kwiinkonzo eziyimfuneko ukwandisa ikhono leSebe lokunikezelwa kwenkonzo yalo.

La malinge aya kukhulula amagcisa enkonzo yentlalo ukulungiselela ulawulo olungaphezulu lomsebenzi wentlalo ohlangeneyo, ngoko lube nempembelelo encedayo kunikezelo lwenkonzo yabantu abasezantsi. Oku kuya kunceda iSebe ekuhlangabezani izigunyaziso zalo ezisemthethweni ezibhekiselele kwiinkqubo zeNkundla yaBantwana, ulolongo olulolunye, ulwamkelo lwabantwana njengabakho, uzinziso losapho nokuhlanganiswa, ulamlo kusapho, izicwangciso zobuzali, amalungelo obuzali noxanduva, ingcebiso yomtshato namakhono obuzali – lonke oludinga amangenelo abalulekileyo omsebenzi wentlalo.

Iinzame ezihlangeneyo ziya kwenziwa ukulungiselela ukuzalisa kwangithuba zonke izithuba ezixhaswe ngemali. Ngaphezulu, siya kuqhubeka sityala ngamandla kuphuculo oluqhubekayo noqeqesho lwabasebenzi bethu.

Siya kuqhubeka sisebenzisa amangenelo okusetyenziswa gwenxa kweziyobisi aqhutywa luphando olukwiqondo eliphezulu oluthi lunikele kwisiseko sobungqina kulungiselelwa indlela eyiyo yokusebenza, ingakumbi ekuncedeni iingozi ezinxulumene notywala. Ukusetyenziswa kopapasho lwedijithali nolwentlalo luya kwandiswa ukulungiselela amaphulo olwazi njengoko kusinceda ekufikeleleni kumanani amaninzi abantu, ingakumbi ulutsha.

Iinkonzo zethu kubantu abadala ziya kuqhubeka ngokubeka phambili ubhaliso lwamaziko ololongo okuhlala alungiselelwe abantu abadala abagulayo, ulolongo olulolunye kunye noyilo lwenkxaso olufana namaziko ololongo losuku, amaziko enkonzo, iiklabhu zabantu abadala, ulolongo lwekhefu, ukuzihlalela nololongo olusekwe ekhaya. Le nkqubo sele ikhokhelele kukuthwalwa koxanduva okukhulu nolwazi ngabanikezeli benkonzo, amalungu osapho kunye noluntu lomgangatho olindelekileyo wokunikezelwa kwenkonzo.

Nakukujamelana kwamaxesha oqoqosho angaqinisekanga, kunye nesimo semali esinyukileyo, iSebe liya kuzama ukuguqula nokunikezela ngaphezulu kubantu baseNtshona Koloni. Ndiyathemba okokuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka (APP) sichaza iinjongo zethu ezilungiselelwe unyaka-mali ongaphambili yaye siya kukhokhela abalawuli bethu kunye nabasebenzi ngokunjalo njengoko beqhubeka nomiliselo lwaso.




UMPHATHISWA WEPHONDO WOPHUHLISO LWENTLALO
Adv. Albert Fritz
UMhla: 2 kuMatshi 2018

UKUKHUTSHWA NGOKUSESIKWENI

Iyaqinisekiswa into yokokuba esi siCwangciso Sentsebenzo yoNyaka:

- Iqulunqwe ngabalawuli beSebe loPhuhliso loLuntu phantsi kwesikhokelo sika-Advocate Albert Fritz yaye lwalungiselelwa ngokuhambelana nesiCwangciso seQhinga seSebe.
- Sinika ingqwalasela yonke imigaqo-nkqubo efanelekileyo, imithetho kunye nezinye izigunyaziso eziluxanduva lweli Sebe.
- Sidiza ngokuchanekileyo iinjongo ezicetyiweyo yokusebenza eziza kuqaliswa ukufezekisa liSebe phantsi kwezibonelelo ezikhoyo kuhlalo lwabiwo lowama- 2018/19.



nguNkszn. Marion Johnson
Umlawuli oyiNtloko: UCwangciso loShishino neQhinga



nguMnu. Juan Smith
IGosa eliyiNtloko leMali (CFO)



nguGqir. Robert Macdonald
IGosa eliNika iNgxelo

Iphunyezwe ngu:



Ngu-Adv. Albert Fritz
oyiNgqonyela

Umhla: 6 kweyoKwindla ka-2018

OKUQULATHIWEYO

IMBULA-MBETHE	3
UKUKHUTSHWA NGOKUSESIKWENI	6
ICANDELO A: UVAVANYO NGOKUBANZI LWEQHINGA	10
1 Umbono	10
2 Umnqophiso	10
3 Imigqaliselo	10
4 IziGunyaziso zoMthetho, nezizezinye kunye nemisebenzi engundoqo	11
4.1 IziGunyaziso zoMgaqo-siseko	11
4.2 IziGunyaziso zoMthetho	11
4.3 Imisebenzi engundoqo yeSebe	14
4.4 IziGunyaziso zoMgaqo-nkqubo	14
4.5 Izigwebo zeenkundla eziChaphazelekayo	17
4.6 Amalinge oMgaqo-nkqubo acwangcisiweyo	17
5 Uhlahlelo lweSimo	18
5.1 UBume bokuSebenza	18
5.2 ISakhiwo soMbutho	21
5.4 Inkcazelo yeNkqubo yeQhinga yoCwangciso	28
5.5 Ulungelelwaniso lweZigunyaziso zeSebe	29
6 IiNjongo eziJolise kuMphumela weQhinga leSebe	32
7 Uvavanyo ngokubanzi lohlahlo lwabiwo-mali lowama-2018/19 noqikelelo lweMTEF	34
7.1 Uqikelelo lwenkcitho	34
ICANDELO B: IINJONGO ZEQHINGA NENGCACISO YEENKQUBO	38
8 INkqubo 1: ULawulo	40

8.1	Ulungelelwaniso lweethagethi zokusebenza kunye nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF	44
8.2	ULawulo loMngcipheko	46
9	INkqubo 2: linkonzo zeNtlalo-ntle	47
9.1	Ulungelelwaniso lweethagethi zomsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF	55
9.2	ULawulo loMngcipheko	57
10	Inkqubo 3: EzaBantwana neeNtsapho	58
10.1	Ulungelelwaniso lwethagethi zomsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF 72	
10.2	ULawulo loMngcipheko	75
11	liNkqubo 4: liNkonzo zokuBuyiselwa esimeni esisiso	76
11.1	Ukuthungelanisa iithagethi zentsebenzo nesabelo-mali kunye neMTEF	86
11.2	ULawulo loMngcipheko	88
12	INkqubo 5: Uphuhliso noPhando	89
12.2	ULawulo lomngcipheko	101
	ICANDELO C: UNXULUMANISO NEZINYE IZICWANGCISO	103
13	UNXULUMANISO KWIZICWANGCISO ZEZIBONELELO ZETHUBA ELIDE KUNYE NEZINYE IZICWANGCISO ZEZAKHIWO	103
14	IMINIKELO YOXHOMKEKO	105
15	AMASEBE KARHULUMENTE	105
16	UTHELELWANO LWAMAQUMRHU KARHULUMENTE NAWANGASESE	105
	ISIHLOMELO A: IINGUQU KWISICWANGCISO SEQHINGA 2015 - 2020	106
	ISIHLOMELO B: IITHEYIBHILE ZENGCACISO NGEMIGQALISELA	110
	ISIHLOMELO C: ULUHLU LOQAGAMSHELWANO	174
	ISIHLOMELO D: IZIFINYEZO	176
	ISIHLOMELO E: IMIGQALISELA YECANDELO ENGAXELWANGA YI-WC DSD	178
	ISIHLOMELO F: IZIVUMELWANO ZOTHELELWANO	180

**ICANDELO A: UVAVANYO NGOKUBANZI
LWEQHINGA**

ICANDELO A: UVAVANYO NGOKUBANZI LWEQHINGA

1 Umbono

Uluntu oluzimeleyo.

2 Umnqophiso

Kukuqinisekisa ukunikezelwa kothotho olugqibeleleyo lweenkonzo zentlalo-ntle ezinika amandla nezixhobisa abantu abahlelelekileyo, abasemngciphekweni kwanabo banezidingo ezizodwa.

3 Imigqaliselo

Undoqo wemigqaliselo kaRhulumente weNtshona Koloni (WCG), eliyihlonelayo eli Sebe, injengokuba ibonakalisiwe ngezantsi apha:



Ukukhathala

Kukukhathalela abo sibakhonza ngenkonzo nesisebenza nabo



Ukukwazi

Amandla nezakhono okwenza umsebenzi esichongelwe ukusebenza ukuwenza



Ukunika inkcazo

Siluthathela kuthi uxanduva



Isidima

Kukunyaniseka nokwenza oko kulungileyo



Iimbono ezintsha

Kukuvulela iimbono ezintsha kwanokuza nezisombululo ezizizo kwiingxaki ngendlela enezibonelelo ezifanelekileyo



Ukuphendula

Kukumelana nezidingo zabemi nabasebenzi bethu

I DSD liznikele kule migaqo **yokunikezelwa kweenkonzo ingundoqo** ilandelayo:

● **Ukusebenza ngokwahlukileyo**

ISebe eli liyakuzinikela ekuphandeni ze livavanye iindlela ezahlukeneyo neziphilileyo zokusebenza ngenjongo yokuzuza iziphumo eziphile nangakumbi kwisithuba sexesha elifutshane kangangoko ngaphandle kokwehlisa izinga lenkonzo enikezelwayo.

● **Ukusebenzisana nokubandakanya**

Siya kusoloko sikuthathela ingqalelo ukusebenzisana ngendlela eneziphumo namahlakani ethu njengoko kuthiwe thaca kumthetho i-Intergovernmental Relations Framework Act Nombolo 13 ka-2005.

● **Ukufikeleleka**

Kubalulekile ukufikeleleka kweenkonzo kwabo bazidingayo. Eli Sebe liyakuqhuba liyiphucula imo kunye neenkqubo zalo apho kuyimfuneko khona kwisithuba sesiCwangciso-nkqubo seNkcitho yesithuba esiPhakathi (MTEF)

● **Ukunikezela iingxelo nokusebenza elubala**

Kukufaka kwindlela esisebenza ngayo iindlela ezizizo neziphilileyo zolawulo ngokuthi kuphunyezwe iindlela zokuhlola, ezovavanyo nezokunikezelwa kweengxelo ezisekelwe kwiziphumo, iinkqubo zoshishino ezisemgangathweni, imigaqo-nkqubo kunye nokuphakanyiswa kokuthotyelwa kwemigaqo elawulayo ngenjongo yokuphucula ukunikezelwa kweengxelo nentsebenzo.

4 IziGunyaziso zoMthetho, nezizezinye kunye nemisebenzi engundoqo

4.1 IziGunyaziso zoMgaqo-siseko

Imithetho	Ifuthe kwintsebenzo yeDSD
uMgaqo-siseko woMzantsi Afrika onguNombolo. 108 ka1996	ICandelo 28 (1) loMgaqo-siseko uthi thaca amalungelo abantwana malunga nononophelo olusemgangathweni (isondlo esingundoqo, indawo yokuhlala, iinkonzo zononophelo lwempilo nolwentlalo) futhi nokuthi ukubanjwa nokuvalelwa kwabantwana makube yinto yokugqibela.

4.2 IziGunyaziso zoMthetho

Imithetho	Ifuthe kwintsebenzo yeDSD
uMthetho iPrevention and Combatting of Trafficking in Persons, Nombolo 7 ka2013	● Lo mthetho unika amandla uMmiselo woMbutho Weziwe Ezimanyeneyo ongokuthintela, ukucinezela kwanokohlwaya umkhwa wokuxhwilwa kwabantu, ingakumbi amanina nabantwana, ngoko ke kube kuncediswana nengqungquthela yoMbutho Weziwe Ezimanyeneyo ochasene nolwaphulo-mthetho olucanda imida yamazwe.
uMthetho iSexual Offences and Related Matters Amendment, Nombolo 6 ka-2012	● Kukulungisa uMthetho iCriminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, ka-2007, ngenjongo yokubonelela ngokuphandle ngegunya lokohlwaya kwizenzo zolwaphulo-mthetho ezithile ezithe zachazwa kulo mthetho ukuze iinkundla zibone ngokwazo ukuba zohlwaye okanye zigwebe

Imithetho	Ifuthe kwintsebenzo yeDSD
	njani kwiimeko ezinje; kwanokubonelela ngesikhokelo kwezinye iimeko ezikumila kunje.
UMthetho weNational Youth Development Agency onguNombolo 54 wama-2008:	<ul style="list-style-type: none"> ● Injongo yoMthetho kukuyila nokukhuthaza ulungelelwaniso kwimicimbi yophuhliso lolutsha.
uMthetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse, Nombolo 70 wama-2008	<ul style="list-style-type: none"> ● Lo Mthetho unikezela ngesikhokhelo esihlanganyelweyo sokunikezelwa kweenkonzo ngendlela efanayo kwinkalo yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuwo onke amasebe aseburhulumenteni. Owona ndoqo walo mthetho kukuphakanyiswa kweenkqubo zamalinge okungenelela kwangethuba ndawonye nokubhaliswa kwamalinge onyango kwinkalo yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.
uMthetho iChild Justice, No. 75 of 2008	<ul style="list-style-type: none"> ● Lo mthetho useka inkqubo yobulungisa bolwaphulo-mthetho kubantwana abatyholwa ngokwenza izono yaye ujolise ekukhuseleni amalungelo abantwana.
uMthetho iOlder Persons, onguNombolo 13 wama-2006	<ul style="list-style-type: none"> ● UMthetho i-Older Persons Act ongunombolo 13 wama-2006, waqala ukusebenza ngokweSibhengezo sikaMongameli ngomhla wokuqala kwinyanga kaEpreli wama-2010, futhi ke ujonge ukuxhobisa nokukhusela iinkonde neenkondekazi kuquka nesimo sabo, amalungelo, intlalo-ntle, ukhuselo, ukhuseleko kwanokulwisana nempatho-mpi kubantu abadala. ● Lo Mthetho ukhuthaza inkalo yophuhliso eyamkela oku: <ul style="list-style-type: none"> ● Ubulumko nezakhono zabantu abadala; ● Ukuthatyathwa kwenxaxheba ngabantu abadala kwimicimbi ● yokuhlala; ● Ukumiselwa kokubhaliswa kweenkonzo ezinikwa abantu abadala; kunye ● Nokusekwa nolawulo lweenkonzo namaziko ahlala abantu abadala. ● Ngokungafaniyo noMthetho we-Aged Persons onguNombolo 81 wama-1967, apha kugxininiswa kunonophelo olusekelwe ekuhlaleni hayi kumaziko, apho abantu abadala bahlala apho emakhayeni abo kangangoko.
UMthetho we-Intergovernmental Relations Framework, onguNombolo 13 wama-2005	<ul style="list-style-type: none"> ● UMthetho ujolise ekuququzeleleni unxibelelwano olukhulu phakathi kwamacandelo amathathu karhulumente ukulungiselela ukukhuthaza inkqubo yolawulo ezinzileyo nesabelayo ethi yandise iinqobo ezisesikweni nemithetho-siseko yolawulo lukarhulumente.
uMthetho waBantwana, onguNombolo 38 wama-2005	<ul style="list-style-type: none"> ● Lo Mthetho waqala ukusebenza ngokweSibhengezo sikaMongameli ngomhla wokuqala kwinyanga kaEpreli wama-2010 yaye uchaza: <ul style="list-style-type: none"> ● Amalungelo noxanduva lwabantwana; ● Uxanduva namalungelo abantwana; ● Imigaqo nezikhokelo ekukhuselweni kwabantwana; ● Ukuphakanyiswa kwentlalo-ntle yabantwana; kunye ● Nokuhlanga-hlanganiswa kwemithetho echaphazela

Imithetho	Ifuthe kwintsebenzo yeDSD
	<p>intlalo-ntle nokhuseleko lwabantwana ze, futhi, neemeko ze ntlekele.</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Inggwalasela ephambili yohlaziyo lwesibini loMthetho waBantwana yaba kokufunyenweyo yiNkundla ePhakamileyo yaseSouth Gauteng High Court ngo-Epreli 2011 okuphathelelene nokuchazwa okulungileyo kweCandelo 150(1)(a) loMthetho. INkundla yafumana okokuba: <ul style="list-style-type: none"> ● Impelesi enoxanduva lomthetho wokulolonga (kule meko umakhulu) unakho ukutyunjwa njengomzali owondlayo; yaye ● Akusayi kuba nguMthetho waBantwana okanye uMthetho weNkxaso yeNtlalo okanye iMimiselo yayo eya kudinga uvavanyo lwengeniso yempelesi, ngoko isimo semali sabantwana abafunyanwa bedinga ulolongo nokhuseleko kufuneka sithatyathelwe ingqalelo ingabisiso eso sempelesi. Apho iimpelesi ezinoxanduva olusemthethweni lwenkxaso akungengakuba zinakho ukuxhasa ngemali kodwa kufuneka babe nakho ukwenza isicelo somnikelo wololongo lwempelesi.
<p>uMthetho iProbation Services Amendment, onguNombolo 35 wama-2002</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Injongo yawo kukulungisa uMthetho iProbation Services, 1991, ukuze kufakwe izichazi ezithile ukuze: <ul style="list-style-type: none"> ● Kwenziwe izibonelelo ngokweenkqubo ezijoliswe ekuthintelweni nasekulwisaneni nolwaphulo-mthetho; ● Kunwenwiswe amagunya nemisebenzi amagosa oluleko; ● Kunikezelwe ngemisebenzi yabancedisi bamagosa oluleko; ● Kuvakaliswe ngohlolo olusisinyanzeliso lwabantwana ababanjiweyo; ● Kuvulwe amathuba okusekwa kwekomiti yeengcebiso ngoluleko; ze ● Kuvulwe namathuba okuchongwa abo bazakukhangela iintsapho; ze kuvulelwe ke nezibonelelo zeminye imiba eyayamene nale.
<p>uMthetho iSocial Service Professions, onguNombolo 110 ka-1978; owalungiswa ngo-1995, ngo-1996 nango-1998</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Lo Mthetho wasekwa liBhunga Lamakhono ooNontlalo-ntle boMzantsi Afrika futhi ke ukwachaza amagunya nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zoluntu kwakunye nekhono ngokwalo.
<p>uMthetho iDomestic Violence, onguNombolo 116 ka-1998</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Injongo yalo Mthetho kukunika amaxhoba obundlobongela basekhayeni elona nqanaba lokhuseleko liphezulu kwabo babaxhaphazayo.
<p>uMthetho iNon- Profit Organisations, onguNombolo 71 ka-1997</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Injongo yalo Mthetho kukuxhasa iiNPO ngokuthi kusekwe isikhokelo solawulo nesimiselo apho iiNPO zinokwenza imicimbi yazo.

4.3 Imisebenzi engundoqo yeSebe

Eli Sebe lizinikele kule misebenzi mibini ingundoqo ilandelayo:

- **INKonzo yeNtlalo-ntle** kubantu abahlelelekileyo nabasemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani kwanemibutho yoluntu ngokubanzi; kunye
- **INKonzo yoPhuhliso loLuntu** enikezela iinkonzo zophuhliso oluzinzileyo, eziphakamisa ukuxhotyiswa koluntu ekuhlaleni.

4.4 IziGunyaziso zoMgaqo-nkqubo

- **IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo wama-2017 loMgaqo-nkqubo weNtshona Koloni wokuNcithiswa kweNgozi eziNxulumene noTywala:** iWCG ichonge ingozi ebangelwa kukusetyenziswa kotywala njengomba ophambili kwiPhondo, kunye neKhabhinethi yePhondo leNtshona Koloni ikhethe ukuncitshiswa kwengozi enxulumene notywala uba ibe yenye neenguqu zayo¹. Injongo yomgaqo-nkqubo kukunikezela ngamangenelo ngenjongo yokubonelela kukuncitshiswa kweengozi ezinxulumene notywala eNtshona Koloni. Injongo engaphezulu kukubonelela kwimicimbi encedisayo ukwandisa ukusebenza kakuhle nokufaneleka kwamacandelo angezelelweyo enkxaso athe anxulumana nokuncitshiswa kweengozi ezinxulumene notywala. Inemimandla esithoba ekujoliswe kuyo engundoqo esekwe kwimimandla elishumi ekujoliswe kuyo endululwe nguMbutsho weMpilo weHlabathi.
- **INGuqu yeeNgozi eziNxulumene noTywala 2017:** Ukusetyenziswa okuyingcozi kotywala kuchongwe njengomnikeli ongundoqo kumthwalo wezifo kwiNtshona Koloni ngokusetyenziswa kwesibhedlele, igumbi lokugcina izidumbu kunye neenkukacha zamanani eengozi, nangokusetyenziswa kophando oluqhutywe ngamaziko emfundo ephakamileyo kunye neBhunga loPhando loNyango, phakathi kwezinye. Inguqu yokuncitshiswa kweengozi zotywala ibandakanya izixhathisi ezithathu, ezizezi ukuqinisa ulawulo lukarhulumente lokunikezelwa kotywala; ukubonelela ngamathuba angamanye okuzonwabisa kuluntu; nokubonelela ngeenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalo ukunceda nokunciphisa ukusela okuyingcozi kwizigulane zesibhedlele nezise kliniki. ISebe loPhuhliso loLuntu lidlala indima yenkxaso kwinqanaba lesithathu kwezi zixhathisi. Kumaziko apho le projekti ilingwa khona, oonontlalontle beSebe bamkela ze basebenze namanxila angumngcipheko ophezulu athe athunyelwa ngamaqela ongenelelo ngoVuselelo asekwe kwikliniki yeSebe leMpilo nasekwe esibhedlele.
- **INGuqu yaseMva kokuPhuma kweSikolo 2017:** Injongo yeNguqu yaseMva kokuPhuma kweSikolo yeyokokuba abafundi beNtshona Koloni bathabatha inxaxheba rhoqo nezinzileyo kwimisebenzi yasemva kwesikolo ethi inikele ngokubhekiselele kuphuhliso olulungileyo lolutsha. Yangezelela kwisimo semfundo ngokunikezela ngokhuseleko, indawo edlamkileyo nezololongo emva kweeyure zesikolo ethi incede abafundi ukuba bahlale balandele umdla wabo ze bafumane ngolonxa labo lempumelelo ngaphandle kwegumbi lokufundela. Ngokwenza njalo, leNguqu iya kwakha ukuzithemba kwabafundi kunye namathuba ekhono exesha elizayo.
- **IQhinga lePhondo leNtshona Koloni lokuBonelela ngamaZiko oLolongo 2016:** Eli qhinga lilawula isibonelelo sokusasazwa okwaneleyo kwendawo yololongo elungiselelwe abantwana ngokusetyenziswa kweeCYCC kulo lonke ulolongo kunye neenkqubo

¹ WCG, Provincial Strategic Plan 2014-2019.

ezifanelekileyo ezisekwe kwiziko kulo lonke iphondo, zilungelelaniswe kunye neemfuno ezithe ngqo zephondo, iimeko, izabelo zohlahlo lwabiwo-mali nobukho bezakhiwo.

- **IQhinga leSebe loPhuhliso lweNtlalo leNtshona Koloni loPhuculo loLolongo loMntwana neeNkonzo zoKhuselo 2015:** Iqhinga laphuhliselwa ukudambisa imingcipheko enxulunyaniswa nokumiliselwa kweemfundo zomthetho, izithethe nemigangatho yoMthetho waBantwana. Iqhinga lichonge izizathu ezingunobangela wengxaki kunye namangenelo okujongana nale miba.
- **IsiCwangciso-nkqubo seNgqinisekiso yokuLunga esilungiselelwe ukubekwa kweliso kokusebenza kokunikezelwa kwenkonzo yentlalo-ntle nophuhliso loluntu 2015:** Esi sicwangciso-nkqubo sephondo silungelelaniswe nesiCwangciso-nkqubo sesizwe seNgqinisekiso yokuLunga esilungiselelwe iNtlalo-ntle (2013) yaye sicebisa ukubekwa kweliso okuhlangeneyo kokusebenza ngokusetyenziswa kwendlela yengqinisekiso yokulunga ukulungiselela uphuhliso loluntu kunye neenkonzo zentlalo-ntle kwiSebe ngokunjalo necandelo leNPO kweli phondo. Sijolise ngokunjalo kuphuculo olulungileyo lokunikezelwa kwenkonzo yaye sichaza imigangatho yenkonzo egqwesileyo kunye nendlela ekufuneka ibekwe iliso ngayo yaye ilawulwe.
- **IQhinga leNgqinisekiso yokuLunga elilungiselelwe amaZiko oLolongo lwaBantwana kunye noLutsha 2015:** Eli qhinga liqinisekisa ngento yokokuba ingqinisekiso yokulunga iyaqhutywa kwiiCYCC njengoko kugunyaziswe liCandelo 211 nomthetho 89 woMthetho waBantwana.
- **IQhinga lokwaNdiswa kwezibonelelo zamaZiko ekwenziwa kuwo iiNkqubo eziNinzi 2015:** Ukuphuhlisa nokulawulwa kweqhinga ukuqinisekisa ngokusasazwa okufanelekileyo kweeCYCC ezibonelelwe ngokufanelekileyo, ezilungelelanisiweyo nezilawulwayo kwiphondo, libonelela ngoluhlu oludingekayo lweenkqubo zololongo lwendawo zokuhlala njengoko ziqulunqiwe kwiCandelo 192 loMthetho waBantwana.
- **UMgaqo-nkqubo weSizwe woPhuhliso loBuntwana kwangeThuba 2015:** Lo mgaqo-nkqubo ujlise ekuguquleni unikezelo lwenkonzo kuphuhliso loBuntwana kwangethuba eMzantsi Afrika, ingakumbi ukunceda kwizithuba ezibalulekileyo ukuqinisekisa ngobonelelo lwenkqubo ye-ECD ebanzi, ubudala nokulunga okuphuhlisayo nokufanele inqanaba elithile, efikelekayo kuzo zonke iintsana, abantwana abancinane kunye neempelesi zabo njengoko iqikelelwe kwiNDP.
- **UMgaqo-nkqubo weSizwe woLutsha wama-2020, (2015):** Injongo kukuqinisa amalinge olutsha athi andise amakhono abantu abatsha ukuguqula uqoqosho kunye noluntu ngokuqwalasela iimfuno zabo; ikhuthaza imiphumela elungileyo, amathuba, ukhetho nobudlelwane; nokubonelela ngenkxaso eyimfuneko ukuziphuhlisa.
- **UMgaqo-nkqubo weSebe loPhuhliso lweNtlalo ongenkxaso-mali yeMibutho engekho phantsi koLawulo lukaRhulumente olungiselela uBonelelo lweenkonzo zeNtlalo-ntle noPhuhliso loluntu 2013 (olungiswe ngoDisemba 2017):** Umgaqo-nkqubo uqinisekisa ngento yokokuba iintlawulo ezikhutshelweyo zilawula ngendlela apha ekhuthaza ukuba phandle, ukuthatyathwa koxanduva, ulawulo olufanelekileyo, iimfuno ezicacileyo zokusebenza kunye nemithetho-siseko yobulungisa bolawulo. Lo mgaqo-nkqubo ulungelelaniswe kuMgaqo-nkqubo weSizwe wamaBhaso eMali.
- **IsiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP) 2014-2019:** I PSP sisicwangciso seminyaka emihlanu esithi thaca amaqhinga eWCG kunye nezicwangciso ezilungiselelwe iminyaka emihlanu elandelayo. Iinjongo zeqhinga ezintlanu ezichongwe yiWCG ziya kunikela ngokunjalo kufezekiso lweenjongo zeNDP kwisithuba seminyaka emihlanu elandelayo. Umsebenzi weSebe ukhokhelwa ngokunjalo zezi Njongo zeQhinga lePhondo (iiPSG). Okubalulekileyo

ngakumbi kwiSebe yiPSG 2: Ukuphuculwa kwemiphumela yemfundo namathuba ophuhliso lolutsha, kunye nePSG 3: Ukwandisa impilo-ntle, ukhuselo, kunye nokunciphisa ububi bentlalo.

- **IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo 2013:** Injongo ephambili yePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo ukukhuthaza impilo-ntle yosapho, ukukhuthaza nokuqinisa iintsapho, ubomi bosapho kunye nemiba eqhelekileyo yosapho kumalinge karhulumente ngokubanzi kuqulunqo komgaqo-nkqubo. ISebe liphuhlise isicwangciso sephondo ukulungiselela ukumilisela iPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kuSapho olwamkelwa yiForam yeeNkonzo zoSapho ngomhla we-16 kuSeptemba 2016.
- **IMithetho yeeNkonzo yokulingwa 2013:** Le mithetho ipapashwe kwiMithetho yeGazethi enguNombolo 36159, yomhla we-15 kuFebruwari 2013, iVol. 572, Nombolo 9911 exhibe ekulawuleni nasekuphuculeni iinkonzo zokulingwa.
- **IsiCwangciso-nkqubo seNgqinisekiso yokululinga esilungiselelwe ezeNtlalo-ntle 2013:** Esi sicwangciso-nkqubo sesizwe sibonelela ngenkqubo ezinzileyo kunye nemigangatho ecacileyo elungiselelwe ukuvavanywa kokufaneleka nokunikezela ngophuculo oluqhubekayo olubhekiselele kwiinkonzo zentlalo-ntle.
- **IQhinga loLutsha leSebe loPhuhliso lweNtlalo 2013:** Ukukhokhela, ukwazisa nokuqhuba iinkqubo nokuphambili kophuhliso lolutsha lweSebe nokuzisa umlinganiselo oqinileyo weziko nowokuxelwa kwangaphambili kwenkqubo. Lisebenza njengesixhobo esibalulekileyo socwangciso esijolise ekuqwalaseleni iimfuno zabantu abatsha bePhondo leNtshona Koloni.
- **IQhinga loPhuhliso loLutsha leNtshona Koloni 2013:** "Injongo yeqhinga (lephondo) lophuhliso lolutsha kukuyila inkxaso engaphezulu, amathuba kunye neenkonzo ezilungiselelwa bonke abantu abatsha okokuba banxibelelane ngcono nesimo sabo nokugqithela ngempumelelo ekubeni ngabantu abadala abanoxanduva, abazimeleyo nabazinzileyo. Lijolise kubantu abatsha abakwinqanaba eliphambi kokuba lulutsha abakwiminyaka ephakathi kweminyaka eli-10 neli-14 ubudala kunye nenqanaba 'lolutsha' oluphakathi kweminyaka eli-15 nama-24".²
- **UMgaqo-nkqubo weSizwe ongoBonelelo lweNkonzo zoPhuhliso lweNtlalo kuBantu abakHubazekileyo 2013:** Injongo ephambili kukukhokhela nokulungelelanisa isibonelelo seenkonzo zophuhliso lwentlalo ezilungiselelwe wonke umntu kuBantu abakHubazekileyo. Injongo kukuqinisekisa ngento yokuba isidima namalungelo abo bonke abantu abakHubazekileyo ayagcinwa yaye ayahlangatyeywa, ngokunikezelwa kweenkqubo ezifanelekileyo zoqoqosho lwentlalo kunye neenkonzo ezithi ziqinisekise ngokubandakanywa kwabo.
- **IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso (NDP) 2012:** IKhomishoni yeSizwe yoCwangciso ipapashe "National Development Plan: Vision for 2030" ngomhla we-11 kuNovemba 2011 njengenyathelo lokuqala indlela entsha yoMzantsi Afrika ezama ukubhangisa indlela nokunciphisa ukungalingani ngowama-2030. I "National Development Plan 2030: Our future – make it work" ehlaziyiweyo yapapashwa ngesithuba sowama-2012.
- **OneCape2040: From Vision to Action 2012:** I WCG yamkele lo mbono ngo-Oktobha 2012. Lijolise ekuvuseleleni inguqu ebhekiselele kubandakanyo ikakhulu nekamva loqoqosho olomeleleyo elilungiselelwe iNtshona Koloni. Ichaza umbono wendlela abantu beNtshona

² Extract from the Foreword of Western Cape Youth Development Strategy 2013, by Premier Helen Zille.

Koloni banganakho ukusebenza kunye ukuphuhlisa uqoqosho lwengingqi noluntu ngokubanzi, ngokwenza njalo, ngokukhokhela ucwangciso nokusebenza ukukhuthaza ukuzibophelela okufanayo nokuthatyathwa koxanduva olubhekiselele kwinkqubela-phambili ezinzileyo nexesha elide.

- **Izithethe neMigangatho yohlobo oluthile lweenkonzo zeNtlalo-ntle 2011:** Ukunikezela ngamanqwanqwa okunikezelwa kweenkonzo ezilungileyo zentlalo-ntle ze zibe yinxalenye yesiCwangciso-nkqubo seenkonzo zeNtlalo-ntle.
- **IsiCwangciso-nkqubo sokoNgamela esilungiselelwe uMsebenzi weNtlalo-ntle eMzantsi Afrika 2011:** Sinikezela isicwangciso-nkqubo ngolongamelo olufanelekileyo koonontlalo-ntle, oonontlalo-ntle abangabafundi, abasebenzi abancedisayo bentlalo, abasebenzi abancedisayo abangabafundi bentlalo, amagcisa omsebenzi wentlalo namachule angasese ukulungiselela ukuqinisekisa ngeendlela zokusebenza zamagcisa achubekileyo omsebenzi wentlalo anikezela ngenkonzo engcono kubasenzisi kwicandelo lentlalo loMzantsi Afrika.
- **IsiCwangciso seSizwe soBuchule seZiyobisi 2008:** IsiCwangciso sinceda ngolungelelwaniso lwamasebe noogunyaziwe bengingqi ngokuhambelana noThintelo noNyango olulungiselelwe uMthetho wokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi, onguNombolo 70 wama-2008. Injongo yayo kukuqinisekisa ngento yokokuba ilizwe lisabela ngokufanayo kukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.
- **IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo waBemi loMzantsi Afrika (1998):** IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo likhuthaza uphuhliso oluzinzileyo lwabantu nokulunga kobomi kwabo bonke abemi boMzantsi Afrika ngokusetyenziswa kokuhlanganiswa kwemiba yabemi kucwangciso lophuhliso kumasebe awahlukeneyo kaRhulumente kunye namanye amacandelo oluntu. ISebe ligunyazise ukubekwa kweliso kukumiliselwa komgaqo-nkqubo, kunye nempembelelo yalo kwiindlela zabemi kunye namandla kubume bophuhliso oluzinzileyo loluntu.
- **IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leNtlalo-ntle 1997:** IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo lisebenza njengesiseko sentlalo-ntle emva kowe-1994 ngokunikezela ngemithetho-siseko ekhokhelayo, imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo ezilungiselelwe iinkqubo zophuhliso lwentlalo-ntle.

4.5 Izigwebo zeenkundla eziChaphazelekayo

Western Cape Forum for Intellectual Disability: Court order case No: 18678/2007.

Isigwebo esathi sawiswa ngomhla we-11 kuNovemba wama-2010 sanika umkhomba-ndlela kurhulumente weNtshona Koloni ukuba eze nezisombululo ezizizo kumba wezidingo zemfundo zabantwana abakhubazeke kakhulu nangendlela enobuzaza. Ekuthobeleni esi sigwebo ke, isebe linomyalelo wokunikezelwa kweentlawulo kubantu abanonophela nabaphumeza amaphulo abantwana abakhubazeke ngokwasengqondweni kumaziko ononophelo angama-44 yaye lixhasa ngemali ukuthuthwa ngendlela ekhuselekileyo kwaba bantwana ukusuka nokuya kula maziko.

4.6 Amalinge oMgaqo-nkqubo acwangcisiweyo

La malinge omgaqo-nkqubo alandelayo acwangcisiwe:

- UMgaqo-nkqubo ukuLawula ukuSetyenziswa koPapasho lweNtlalo kwiiNkonzo zeNtlalo-ntle;
- Ukhuselo loMgaqo-nkqubo wonoNtlalo-ntle.

5 Uhlahlelo lweSimo

5.1 UBume bokuSebenza

ISebe lisebenza kubume bohlahlo lwabiwo-mali olwandayo ukuba ngqongqo nolunezithintelo, ngeli thuba lijamelene namanqanaba anyukayo endlala nokungabikho kwemisebenzi. Oku kukhokhelele kwibango elandayo leenkonzozentlalo nokhuseleko lwentlalo kwaye kungekho zibonelelo zandayo ukuhlangabezana neli bango. Esi simo senziwa mandundu nayintlekele ekhoyo yamanzi, impembelelo yoqhambuko lomkhuhlane weenkuku, imililo, kunye nomonakalo onxulumene nepropati nokusweleka koluntu. ISebe livelelwe ngoko libango elande kakhulu loncedo lolawulo lwentlekele. URhulumente weNtshona Koloni (WCG) liqalise ngesicwangciso sovuselelo kwiphondo ngokubanzi ukubhangisa impembelelo yoqhambuko lomkhuhlane weenkukhu nokuthatyathwa kwenxaxheba liSebe kwiZiko leMisebenzi elihlangeneyo eququzelelwe ukuqhuba isicwangciso sokusabela kuqhambuko lomkhuhlane weenkukhu kunye nembalela.

Ngokuhambelana noqikelelo lwaBemi lwaPhakathi enyakeni lowama-2017 olupapashwe yiStatistics South Africa (Stats SA), abemi abakhoyo beNtshona Koloni baqikelelwa kwizigidi ezi-6.5 (11.5% yesambuku sabemi be-SA). Kwisithuba seminyaka emihlanu ukususela kowama-2016 ukuya kowama-2021, kuqikelelwa yiStats SA, okokuba ngaphezulu kwabantu abangama-485 000 baya kufudukela eNtshona Koloni. Imiba yomngcipheko efana nokungabikho komsebenzi (inkcazelo engekho banzi engama-20.7% nenkcazelo eyandisiweyo engama-24.6% – Q2 2017), ulwaphulo-mthetho nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, kugrogrisa impilo-ntle yabantwana neentsapho kwiphondo. Umlinganiselo wokungabikho kwemisebenzi uyaguqu-guquka kwinqanaba le-2% kwisithuba seminyaka emithathu edlulileyo. Ngoko ke, abantwana neentsapho zihlala zisemngciphekweni yaye zibekelwe phambili kwiinkonzozentlalo zeSebe.

INtshona Koloni inabantwana abamalunga nama- 542 575 ababudala busuka ekuzalweni ukuya kwiminyaka emi-0 ukuya kwemi-4. Nangona kuqikelelwe ukuhla kwaba bemi kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo, ngenxa yokuhla komlinganiselo wokuqhama, imiba yokhuselo, uphuhliso lwengqiqo, kunye nesondlo siya kuba yingqwalasela enkulu yamangenelo e-ECD. Injongo yamangenelo e-ECD kukunceda abantwana ukuba babe nakho ukumelana nesikolo ze bafezekise imiphumela engcono aya kuthi aqinisekise okokuba bafumane amathuba amaninzi ebomini. Ingqwalasela yenkqubo ye-ECD kukufuduka kulwandiso lwenani lamaziko kuyiwe kulwandiso lwabantwana lokufumana nokuphucula ukulunga kweenkqubo ze-ECD kwiphondo. Imingeni ehlangatyeziweyo kweli candela isoloko inxulumene nenkqubo yobhaliso lwe-ECD yaye iSebe liya kuqhuba ukuvelisa uphuculo kwinkqubo. ISebe liya kuqhubeka linikela kwinkqubo yeNguqu yaseMva kokuphuma kwesikolo ngenkxaso-mali yalo yamaziko ololongo olungaphelelanga asemva kokuphuma kwesikolo nokuzama ukuphucula ukulunga kweenkqubo, ukuyila ubume obukhuselekileyo nobuncedayo nokukhulula izibonelelo ngokusetyenziswa kweenzame ezihlangeneyo. Injongo yeNguqu kukunikezela ngeenkqubo ezilungileyo zasemva kokuphuma kwesikolo kubafundi abamalunga nama-20% kwizikolo ekungahlawulwayo nezokuhlawulwa umrhumo wezikolo ophantsi kwiNtshona Koloni.

UVavanyo loLuntu (CS) 2016 lunike ingxelo yokokuba abantwana abasisi-1 929 700 abaphakathi kobudala obusuka ekuzalweni ukuya kwiminyaka eli-17 abahlala eNtshona Koloni. Uphando³ lubonakalisa izehlo ezininzi zokuphathwa kakubi komntwana, yaye iyabonakala into yokokuba amaqhinga okhuselo lomntwana kufuneka aqiniseke. Iinkonzo zololongo nokhuselo kubantwana zimele ingqwalasela engundoqo yomsebenzi weSebe yaye kwisithuba seminyaka emihlanu elandelayo siya kuzibeka ezi nkonzo kwimigangatho

³ Western Cape Department of Social Development (2015). An Evaluation of Child Maltreatment Data. Internal research report compiled by Victoria Tully and Faheemah Esau.

edingwayo nguMthetho waBantwana, zilungelelaniswe kunye namasebe ephondo, oomasipala, neeNPO namaqabane eandelo langasese ukulungiselela ukunikela ngokubhekiselele ekufezekisweni kwePSG 2 kunye neye-3. Isehlo sempatho-mbi yomntwana kwiphondo sisesinye sezinto ezinxulumene kwisihlo esiphezulu sokusetyenziswa gwenxa kwesiyobisi (kubandakanywa utywala).

KuBalo lwaBantu lowama-2011, abantu abasisi-1 041 553 banike ingxelo yokokuba banohlobo oluthile lokukhubazeka, ekukho kubo abantu abali-190 929 ekunikwe ingxelo yokokuba abakwazi ukuzinakekela ngokwabo. ISebe liya kuqhubeka ngamalinge olungiso ngokusetyenziswa kobunkokheli bayo beprojekti PSG 3 enjongo yayo kukungenisa amathuba kuye wonke umntu, ukuxhasa nokukhuthaza amalungelo, impilo-ntle noxhutyiso loqoqosho lwentlalo lwaBantu abakhubazekileyo, iintsapho zabo neempelesi.

Ukuguga kwabemi beNtshona Koloni ibonakaliswe kukukhula okuli-18% kwinani labantu abakwicandelo leminyaka engama-60 nabadala, njengoko kuqikelelwe ukuba kuya kwenzeka ngowama-2017 nangowama-2021. Ngokuhambelana neStats SA, iNtshona Koloni inabantu abangama-640 262 ababudala buyiminyaka engama-60 nabadala ngaphezulu. Uqikelelo lwakutsha nje lwabemi lubonisa into yokokuba abemi babantu abadala abangaphezu kweminyaka engama-60 liyakukhula liye kwi-755 521 ngowama-2021. Ukukhula olukhawulezileyo lwabemi abadala bakwimimandla ebingaqhelanga kuba nenani elikhulu labantu abadala. Kukho ngoko ukungahambelani phakathi kwendawo eneenkono ezilungiselelwe abantu abadala nalapho kukho isidingo esikhulu. Ukukhula kwicandelo labantu abadala ababudala buyiminyaka engama-85 nangaphezulu okuqikelelwa okokuba kuya kuba ngaphezulu kwama-30% ngowama-2021 – kube nemiba exheshayo ebonakalayo ngokubonelela nokuxhasa iinkono zololongo lwabagulayo kulungiselelwa abantu abadala. Ulolongo lwabantu abadala, ingakumbi ukwandiswa kololongo oluzimeleyo nokuhlala kwabancediswayo nolwabagulayo yaye amangenelo afanelekileyo aseke kuluntu ahlala ebekelwe phambili liSebe. Oku kumiliselwa ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali yamaziko enkono, amaziko okuhlala kwabancediswayo kunyen amaziko okuhlala lololongo.

INtshona Koloni ilikhaya kwizigidi ezi-2.2 zolutsha oluphakathi kobudala obuyiminyaka eli-15 kunye nama-34. Kusetyenziswa iinkcukacha zamanani zeCensus 2011, kubalwe okokuba i-13% lolu lutsha (olamalunga nama-277 160) lunakho ukuhlalwa 'njengolungaqeshwanga, imfundo okanye uqeqesho' (iiNEET). Ngaphezulu, ngaphezulu kwama-60% olutsha olungasebenziyo lunomgangatho wemfundo ongaphantsi kwenqanaba leMatriki. Okufunyenweyo okungundoqo kuphando okuphathelene neeNEET kwiphondo kuqaqambisa impembelelo embi yolwaphulo-mthetho oluyingozi, ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi namaqela emigulukudu kwintlalo yabantu abatsha. Oku kuhlenganiswe noqoqosho olubuthathaka loMzantsi Afrika kunye nokunqongophala kwamathuba engqesho kukhokhelele kwibango eliphakamileyo leenkono kulutsha. Ngoko, okuphambili okungundoqo kweSebe kwisithuba seMTEF kukuqinisekisa ngento yokokuba zonke iinkqubo zeSebe ezijolise kulutsha zilungelelaniswe kunye neziphumo zethuba elide zePYDS yaye kukho ingqwalasela yeqhinga kwiiNEET. Ngaphezulu, iSebe liya kuzama, ngentsebenziswano kunye necandelo lolutsha, ukulungelelanisa iinkqubo zeNPO ezichonge ulutsha kunye nemiphumela yePYDS. Ngokunjalo, kwicandelo likarhulumente, iSebe ngentsebenziswano neSebe leNkulumbuso (DotP) liya kuqinisekiswa ngolungelelwaniso oluqamlezileyo nokumiselwa kweenkqubo ezijolise kulutsha kuwo onke amasebe ephondo.

Isehlo solwaphulo-mthetho lwentlalo eNtshona Koloni sihlala singumba ophambili ngenxa yempembelelo yaso eyonakalisayo kwimpilo-ntle yentlalo yephondo noqoqosho. Ukuza kuthi ga ngoku, iPSG 3 iyaqhuba ukufuna, phakathi kwezinye izinto, okokuba sinike inkxaso yengqondo nentlalo kunye nezinye iinkono zenkxaso ezifana nezi:

- Unyango namangenelo anxulumene nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi;
- Amangenelo okukhusela abantwana kukuxhatshwazwa okanye ukungakhathalelwa;
- Ulolongo nenkxaso yamakhoba empatho-mbi yasekhaya; kunye

- Inxaso kwiintsapho nakubazali abasemngciphekweni ukulungiselela ukunciphisa iingozi ezinxulumene kububi bentlalo.

Ukwanda okubonakalayo kakhulu kulwaphulo-mthetho oluxeliweyo kwiphondo kwenzeka kwicandelo lolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi, ngokukhula okuli-156.3% kwisithuba esiphakathi kowama-2005 nowama-2015. Obu nobunye ububi bentlalo buyaqhuba ukwanda ngokomlinganiselo okhawulezayo wokukhula kwabemi. Umfanekiso ocacileyo wesehlo solwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi eNtshona Koloni uvela xa uhlolwa ngomlinganiselo wabemi. Kwi-1.431 kubantu abali-100 000 kwisithuba 2014/15, iNtshona Koloni ibiliphondo elinomlinganiselo ophezulu wolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi. Kwakulo nyaka mnye, umlinganiselo wezehlo zesebe wawungama-292% ngaphezulu komlinganiselo wezehlo kwisizwe wama-490 nge-100 000. Uphando lwesebe kwizehlo ezichaziweyo zobundlobongela basekhaya lubonisa ukunyuka okuli-18% ngowama-2007 nama-2010. Kunikwe ingxelo yokokuba utywala nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi yenye yezinto eziphambili ezingunobangela wobundlobongela basekhaya nokuxhatshazwa kwabantwana.

Ukusabela kumngeni wephondo okhawulezayo ukunyuka wokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi lututsha, iinkonzo zonyango lweziyobisi luyaqhutywa kuwo onke amaziko eDSD okhuseleko lwabantwana nololongo lututsha. Ngaphezulu, iinkqubo zonyango lweziyobisi ezisekwe esikolweni ziyaqhutywa kwizikolo zamabanga aphakamileyo ezili-10 ezisemngciphekweni omkhulu. ISebe lithabatha inxaxheba kwi-Alcohol Harms Reduction (AHR) Game Changer yaye linoxanduva lwenqanaba 3: Ukwandisa ukulunga kweenkonzo zotywala nentlalo zikarhulumente, kunye namaqumrhu angekho phantsi, kuqinisekiswa ngolungelelaniso lwePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo waka-2017 we-Western Cape Alcohol-Related Harms Reduction. Ukusetyenziswa gwenxa kotywala kuxhaphakile phakathi kolutsha yaye kubalulekile ukunxibelelana phakathi kolutsha yaye kubalulekile ukunxibelelana nolutshan olusesesikolweni ukubazisa ngeengozi ezinxulumene notywala. Esi sixhathisi siqinisekisa ngento yokokuba ukusetyenziswa gwenxa kotywala kuyalungiswa kumathuba esifundo se-life orientation esikwikharithulam yesikolo nakwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo.

Okokugqibela, ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba iSebe lichonga iinkonzo zalo ngokufanelekileyo, itheknoloji ye Geographic Information Systems (GIS) iyasetyenziswa ukubonakalisa abekin balo abangabathengi (kunye nabemi bexa elizayo abasekwe kwinkcukacha zamanani eziqikelelweyo) kuthelakiswa nonikezelo lwenkonzo lwangoku kunye noluhlu loqoqosho lwentlalo. Le yokugqibela ngumlinganiselo osetyenziswayo ukuchonga abemi abangakho ekujoliswe kubo abanesidingo esikhulu. Uhlahlelo lwesithuba lubonisa ukuba ingaba izibonelelo zokunikezelwa kweenkonzo zikaRhulumente zinikezelwa ngokufanelekileyo kummandla wabemi abachongiweyo. Ukuchongwa kwesithuba kukona kubaluleke kakhulu kwisimo soqoqosho esichatshazelwe luxinzelelo olukhulu lohlahlo lwabiwo-mali ekunikezelweni kweenkonzo ezisemthethweni. Le ngcaciso iphinde yanikezelwa kwinkqubo ehlangeneyo yocwangciso kunye noogunyaziwe bengingqi. Ngaphezulu, iSebe lineprojekti eqhubekayo yokuhlaziyo ubungakanani bendawo yonikezelo lwenkonzo (kubandakanywa iinkonzo zeNPO ezixhaswe ngemali) kwiphondo kwinqanaba lommandla wonikezelo lwenkonzo (SDA) ukuchaza ngokucacileyo ibango leenkonzo, izithuba zonikezelo lwenkonzo nokuziqonda ukluba ingaba ziziphi iinkonzo ekufuneka zibekwe phambili ukulungiselela ukwenziwa kwesigqibo phakathi kwamabango akhuphisanayo kunye nemimandla ephambili yenkxalabo. ISebe lisebenzisa ngokunjalo iGrowth Potential of Towns Study ukufumana iindawo zokuhlala kwabo masipala banomlinganiselo ophakamileyo wentlupheko, libe nakho ukucwangcisa izibonelelo zalo ezikhoyo kunye nabasebenzi bakamasipala limisele iindlela zokwandisa unikezelo oluqhubekayo lwenkonzo. Umzekelo wokuqala yaba kukuqaliswa kweendlela zokuthumela ezifanayo – ezi nkonzo zokuthumela zithetha ukuba abathengi abangakho bachitha ixesha elincinane kakhulu ekufumaneni iinkonzo.

ISimo soMbutho

Isakhiwo esisebenzayo sombutho kunye neenkqubo ezisebenzayo zoshishino ziyimfuneko njengoko iSebe liqhubeka ngokujamelana neningeni eqhubekayo yokumilisela izigunyaziso zalo ezisemthethweni kwisimo semali esithintela kakhulu, ukukhula kwabemi bephondo, ububi bentlalo obungumngeni nokwanda kwebango leenkonziso. Loo miba ibalulekileyo kweli phulo luphuculo olungadli ziindleko kwisakhiwo salo sombutho, imiqathango engqongqo yokugcina iindleko ziphantsi, iinkqubo ezifanelekileyo zolawulo lweSebe kunye neenkqubo namaqhinga oshishino ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo zalo.

ISebe liphuhlise isicwangciso sokuqhubeka koshishino esithi senze isibonelelo ukulungiselela ukuqhubeka kweenkqubo ezisemthethweni ukususela ekuqaleni nangaphaya nokundulula umiliselelo msinyane lwamalinge okulondolozwa kwamanzi afana nokusetyenziswa izicoci zezandla ezululwelo kunye neswitshi kwi-ofisi yalo eyintloko, kunokusetyenziswa kwamanzi okusela nangengawo awokuselwa ukulungiselela ukugungxulwa kwezindlu zangasese. Ngokufanayo, zonke iiCYCC zalo ziyaxhotyiswa ngezitsali-manzi phantsi komhlaba. Iyunithi yonxibelelwano lweSebe isoloko ikhupha imiyalezo yonxibelelwano lweemethodi zokulondolozwa kwamanzi kubasebenzi balo. Oku kuqiniswa ngaphezulu ziiposta eziqulathe imiyalezo efanayo okanye eyeleleneyo ethi ixhonywe kwiindawo zikawonke-wonke ezifana nezinyusi (iliffi) ezikwizakhiwo.

5.2 ISakhiwo soMbutho

ICandelo: IiNkqubo eziZodwa, iCandelo eliyiNtloko: IsiCwangciso soShishino neQhinga ngokunjalo neyunithi zeenkonziso ezimanyeneyo zee-ofisi ezintandathu zengingqi zeSebe, zibe yintloko yeenkqubo zoyilo lombutho kwisithunba sowama-2017/18. Inkqubo kuCwangciso neQhinga loShishino leCandelo eliyiNtloko ijolise ekuqinisekiseni ngokufaneleka okwangezelelweyo ngolungelelwaniso olusebenza kakhulu phakathi komgaqo-nkqubo walo, isicwangciso soshishino, ukubekwa kweliso novavanyo, kunye nabemi, uphando neyunithi zolawulo lolwazi. Amangenelo oyilo ngokutsha ombutho acebisa ngamandla izibonelelo zekhono elangezelelweyo. Ukumiliselwa kwezi zindululo luya kufumana uqwalaselo olinyamekelweyo ngesithuba sonyaka-mali wama-2018/19, njengoko nokuzaliswa kwezithuba kwiYunithi yeNgqinisekiso yokuLunga kwiCandelo: ULawulo lweSibonelelo kunye nokuBekwa kweLiso kukuLunga.

IiNkqubo zeShishini

IQhinga leSebe lokuPhucula uLolongo loMntwana neNkonzo zoKhuseleko eNtshona Koloni lavunywa ngowama-2015/16 kunye namangenelo kwiqhinga kubandakanywa uphuhliso lweStandard Operating Procedures (iiSOP) kulungiselelwa iinkonziso ezisemthethweni zomsebenzi wentlalo. Oku kuya kuqinisekisa into yokokuba iSebe lizalisekisa izigunyaziso zalo ezisemthethweni, ezimalunga nokudanjiiswa kwenxalenye yomngcipheko wokumangalelwa. Oku kuhlanganiswa neSOP yeeNkonzo zeNtlalo-ntle, ezinxulunyaniswa kwiZithethe zoHlobo oluthile neMigangatho yeeNkonzo zeNtlalo-ntle, kuqinisekisa ngento yokokuba amagcisa omsebenzi wentlalo amiliselele indlela efanayo nebekwe emgangathweni kunikezelo lwenkonzo kuyo yonke ingingqi, ukwenzela ukuqinisekisa ukulunga konikezelo lwenkonzo kuyo yonke ingingqi, ukwenzela ukuqinisekisa ukulunga konikezelo lwenkonzo. Oku kusekelwe luqeqesho oluqhubekayo kunye nomiliselelo lwesiCwangciso-nkqubo yoLawulo sowama-2011 esilungiselelwe ubuGcisa boMsebenzi weNtlalo eMzantsi Afrika.

Ngokubhekiselele kwiinkonziso zalo zenkxaso, iSebe liqhubekile ukulungisa iinkqubo zalo zolawulo lwengcaciso yokusebenza ngokusetyenziswa koqeqesho oluqhubekayo kumiliselelo lweSOP yeNgcaciso yokuSebenza kunye neTechnical Indicator Description Tables kwiiAPP.

Impumelelo yale miqathango ibonakaliswa yinto yokokuba kwisithuba esidlulileyo seMTEF, uMphicotho-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) unike isigqibo sengxelo engenaziphene kukuba luncedo nokuthembeka kwengcaciso yokusebenza ekunikwe ingxelo yeSebe.

I SOP yokuqwalaselwa kwemibuzo, izikhalazo neengxelo, ngabemi efunyenwe kwiZiko lokuTsalela uMnxeba leWCG yavunywa ngoMatshi 2017. Le SOP iqinisekisa ngento yokokuba imiba, iinkxalabo, izityholo zokuxhatshazwa nezicelo eziphakanyiswe ngabemi ziyaqwalaselwa kwangethuba; ukuthi nokuqulathiweyo kweerekhodi ezivelisiweyo zibe zifanelekile kumba lowo kuthethwa ngayo; okokuba ukugcinwa kumthengi kuyimfihlelo; nazo zonke iirekhodi zomthengi kunye neempendulo ezilapha zikhuselwe ngokufanelekileyo.

Ngokubhekiselele kwiinkqubo zalo zeSCM, iSebe liqhubile ukumiliselwa ukufunyanwa kweqhinga – inkqubo ebandakanyayo nelungelelanisiweyo ethi ihlahlele inkcitho ze isebenzise ingcaciso ukwenza izigqibo ezifanelekileyo zoshishino ezimalunga nokufunyanwa kweempahla neenkono – ukusabela kwindlela eyahluliweyo yeNDP kwintengo yempahla. Oku, kuhlanganiswe novavanyo lwesakhiwo seSCM yeSebe kunye nezikhokhelo ezicacileyo zomiliselwa, ziya kuqinisekisa ngenkqubo yeSCM efanelekileyo nebonelelewe kakuhle.

Okokugqibela, iSebe liya kuqhubeka nokumiliselwa kweeshedyuli zenkonzo njengendlela elungiselelwe ukumiliselwa kwesiVumelwano seNqanaba leNkonzo (SLA) enayo kunye neZiko leeNkonzo zeQumrhu (CSC) zeDotP. Luya kuqhubeka ngokumiliselwa nokucokisisa iiSOP lilungiselela iishedyuli zalo zenkonzo ezijongene nokuqhutywa kweenkqubo zoluleko, ukulawulwa kwekhefu nokufunwa nokukhethwa kwabasebenzi.

ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI

Ingqesho nezithuba ezingazaliswanga

ISebe ngokwakaloku nje likwinkqubo yokuzaliswa kwezithuba eziseleyo ezixhaswe ngemali ezingazaliswanga kwisakhelo esamkelweyo sombutho weSebe yaye sele liqeshe okwethutyana abanezidanga zomsebenzi wentlalo abanebhasari yomsebenzi wentlalo woPhuhliso lweNtlalo weSebe leSizwe (NDSD) abangama-35. Ezi zithuba zixhaswe ngemali ngoMnikelo woXhomekeko weCandelo loLawulo-mali leSizwe. Kwizithuba sonyaka-mali wama-2017/2018 iSebe liqeshe abanezidanga zomsebenzi wentlalo abali-123 ababeqeshwe okwethutyana ukususela 2013 nowama-2014, kwizithuba ekuqeshwa kuzo isigxina. Abanezidanga zomsebenzi wentlalo, abasebenza bebuyisa izigunyaziso zabo zebhasari benza isininzi sabaqeshwa kwizithuba ezizalisiweyo ngaphezulu kwinani labasebenzi elifanelekileyo. Abaseleyo babe ngumphumela wenkqubo yohlenga-hlengiso lwangaphambili ethe yadala ukuthengiswa kweenkonzo ezingezizo ezibalulekileyo ezifana nokucoca nokhuseleko.

Ngethuba lomjikelo wokusebenza wama-2016/17 iSebe lilungelelanise isakhelo sombutho sawo onke amaziko ololongo lokhuseleko (iCandelo eliyiNtloko leNtlalo-ntle, iCandelo loLawulo lweZibonelelo nokuBekwa kweLiso kukuLunga) kunye nezithethe nemigangatho efanelekileyo. Inkqubo yothethwano kunye nemibutho yabasebenzi yaqunjelwa ngethuba lonyaka-mali wama-2017/2018 yaye iSebe lisalinde imvume yokumiselwa kwayo kwiSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo. ISebe livavanya ngokunjalo iiyunithi zalo zamaqumrhu engingqi ukulungiselela ukuqinisekisa ukufumaneka kwabasebenzi abaxhasayo abaneleyo. Uvavanyo luya kuqhutywa kwizithuba sonyaka-mali omiyo.

ITheyibhile 1: INgqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokwenkqubo

Ingqesho neZikhewu zeNgqesho ngokweNkqubo, njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuJanyuwari 2018				
INkqubo	Ezixhaswe ngemali	Inani lezithuba ezizalisiweyo	Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga	Inani lezithuba ezizalisiweyo ezingaphezulu kuluhlu lwabasebenzi
INkqubo 1: ULawulo	454	393	13%	48
INkqubo 2: liNkonzo zeNtlalo-ntle	1 045	1 023	2%	16
INkqubo 3: ABantwana neeNtsapho	74	67	9%	0
INkqubo 4: liNkonzo zoLungiso	641	549	14%	26
INkqubo 5: UPhuhliso noPhando	46	29	37%	0
Zizonke	2 260	2 061	9%	90

ITheyibhile 2: INgqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokweBakala loMvuzo

INgqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokweBakala loMvuzo, njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuJanyuware 2018				
AmaBakala oMvuzo	Ezixhaswe ngemali	Inani lezithuba ezizalisiweyo	Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga	Inani lezithuba ezizalisiweyo ezingaphezulu kuluhlu lwabasebenzi
Abanezakhono Ezingephi (Amanqanaba 1-2)	34	10	71%	6
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	784	660	16%	28
Ebanezakhono Ezisemgangathweni Kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	1 059	1 020	4%	49
Abanezakhono Ezisemgangathweni Kwezolawulo (Amanqanaba 9-12)	358	346	3%	6
Abalawuli Abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	25	25	0%	1
Iyonke	2 260	2 061	9%	90

Uqeqesho lwaBasebenzi

Kwisithuba sonyaka-mali wama-2017/18, iSebe lityale imali ngamandla kuqeqesho lwabasebenzi balo ze layidlula lee imfuneko esemthethweni ye-1%. ISebe libe nakho ukuqokumbela inkqubo yezifundo zalo esengqeshweni kulungiselelwa abasebenzi bololongo lwabantwana nolutsha abali-194 ngenkxaso-mali evela kuGunyaziwe woQeqesho weMfundo yeCandelo leMpilo neNtlalo-ntle (HWSETA), yaye ngoku lilinde iziphumo ezivela kwi-HWSETA ukunceda iiCYCW ukuba zibhalise neBhunga loMzantsi Afrika lamaGcisa eNkonzo yeNtlalo (SACSSP).

Ilibhasari ezintsha ezingama-55 zabelwe amalungu abasebenzi kumacandelo omsebenzi owodwa apho kukho ukunqongophala kwamakhono angala, iinkonzo zolingo, ulolongo lokuhurha, izifundo zabantwana neentsapho, ngokunjalo nomsebenzi wentlalo wasenkundleni nowonyango. Ilibhasari ezingama-26 zololongo lokurhura zinikezelwe nazo ngokunjalo kubantu abangaphandle kwiSebe ukulungiselela ukuqinisa ukufumaneka kwamagcisa aneziqinisekiso kula macandelo.

Ezinye iinkqubo zokufunda eziqalisiweyo zamagcisa anxulumene nomsebenzi wentlalo-ntle kunye nabasebenzi abancedisayo kubandakanywa uqeqesho kumthetho ofanelekileyo kumacandelo okusebenza kwawo athe ngqo kumsebenzi wentlalo-ntle, uqheliso noqeqesho. Uqeqesho lwaBenkonzo yaBalawuli abaphezulu (SMS) kubandakanywa nokuBekwa ezoKhundleni kwiNkonzo kaRhulumente yaMalungu eSMS; Uququzelelo loQheliso noQeqesho; Uqeqesho loVavanyo lweMpembelelo eLawulwayo noqeqesho lweenqobo ezisesikweni kwikhompyutha (kulungiselelwa abalawuli abaphezulu namagosa enqobo ezisesikweni). Ukubonelelwa ngamathuba oqeqesho akunakugxininiswa ngaphezulu koku njengoko

ngokusetyenziswa kwamangenelo okwakhiwa kwekhono okokuba amakhono ayandiswa nokulunga konikezelo lwenkonzo kuyaphuculwa.

Intsebenziswano noThelelwano

Ukuqinisekisa ngonikezelo lwenkonzo ehlangeneyo nefikelelekayo, iSebe lisebenzisene ze langena kuthelwano lwamacandelo noorhulumente, iMemoranda yeNgqiqo (MOU) kunye ne SLA kunye namanye eSebe kaRhulumente, oomasipala kunye namaqabane amashishini angasese. Nceda ukhangele iSihlomelo F ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu.

Ubume beTheknoloji

Iinkqubo ze-IT zidlala indima ebalulekileyo kukusebenza ngendlela eyiyo kweSebe. Ukuza kuthi ga ngoku iSebe liqhubile ngokuqinisekisa ngento yokokuba ulawulo lwe-ICT kunye neenkqubo nemiqathango yolawulo icwangcisiwe yaye iyasebenza. Iintlanganiso rhoqo kabini ngenyanga zeKomiti yalo eQuquzelela i-IT seSebe, nenkqubo yolwabiwo lweenkqubo zekhompuyutha neenkono iyahambelana kunye nemigangatho yeWCG kunye noMthetho we State Information Technology Agency (SITA) uMthetho onguNombolo 88 wama-1998 njengoko ulungisiwe nguMthetho weSITA onguNombolo 38 wama-2002, kunye nemigangatho ye-ICT ye WCG.


Ngokubhekiselele kuthengo lwempahla, umgaqo-nkqubo we-ICT unikezela amagosa ngenkqubo yokwenziwa kwesicelo, ulwamkelo nokuthengwa kwezixhobo zeICT eqinisekisa ngento yokokuba izicelo ze-ICT ezifunyenwe zivela kubasebenzi zivavanyiwe ze zamkelwa ngokwemiqathango yalo mgaqo-nkqubo yaye, ziyahambelana nemigangatho ye-ICT yeWCG kubandakanywa ukudibana kunye nenkxaso kuthungelwano lwe-WCG. Inkxaso yenkqubo yolawulo yanikezelwa kwiinkqubo zesizwe ze-ICT ezifana neNkqubo yokuXhotyiswa kweXhoba kunye neRejista yokuXhatshazwa kwaBantu abaDala (VEOPAR), iNkqubo yoLawulo lweSehlo sokuLingwa (PCM), iRejista yoKhuseleko lwaBantwana (CPR) kunye neZicelo zoLolongo lwaBantwana noLutsha (CYCA) nakwiBAS yephondo, iLOGIS, i-Electronic Content Management (ECM) njl.njl.

IsiCwangciso seQhinga se-ICT sihlaziye rhoqo ngonyaka yaye uphuhliso yaye ukumiliselwa kwenkqubo yolawulo lweNPO yesebe kusala kukokuphambili kwesi sithuba sonyaka ozayo. Amanqanaba okuqala amabini asele egqityiwe si siseko seenkcukacha zeNPO kunye nenkqubo elungiselelwe ukulawula iimfuno zohambelwano zentlawulo sele sakhiwe ze sahlolwa. Inkqubo iya kuvelisa ubuchule kwintlawulo zengxowa-mali ezikhutshelweyo kwiiNPO ngokuhlolwa kohambelwano okuzenzekelayo kwamaxwebhu entlawulo afana neengxelo ezamkelweyo zeNPO, iingxelo zemali ne TPA. Ngaphezulu, ulawulo lwengcaciso olunxulumene nokuhanjiswa kweenkonzo ezixhaswa ngemali okudibene nengcaciso kwindawo yamaqela asesichengeni asetyenzelwa liSebe inceda ngonikezelo olujolisileyo lwenkonzo. Inkqubo yoLawulo lweNPO inciphisa uphinda-phindo olubangelwa yinkqubo eyenziwa ngesandla ekhoyo, yaye isendaweni yeengxelo yoninzi lweengxelo ezisekwe kwiMS Excel kunye neziseko zeenkukacha zamanani ngokwakaloku nje ezisetyenziswayo ukunika ingxelo neenjongo zokuhlola uhambelwano kuba inikezela inqaku elinye lenyaniso ngokubhekiselele kwiiNPO. Umnikelo owangezelelweyo wanikezelwa kwiSebe ye DPSA ngowama-2017 ukuqhubeka ngophuhliso lwenkqubo yoLawulo lweNPO. Le nkqubo iqulathe amacandelo amathandathu adweliswe ngasezantsi aya kuqukunjelwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2018/19:

- I BAS kunye nolungelelwano lwentlawulo (ulwandiso kwimodyuli yeentlawulo ezikhoyo);
- Isicelo senkxaso-mali kunye nezicelo zoVavanyo (imodyuli entsha);
- UkuBekwa kweLiso noVavanyo (imodyuli entsha);
- Ulawulo loMsebenzi (imodyuli entsha);
- Umanyaniso nezinye iinkqubo (GIS, MyContent) (ukwandiswa kwemodyuli ezikhoyo);
kunye
- INgcaciso ethile ye-ECD nokunikwa kwengxelo (ukwandiswa kwesiseko senkcukacha zamanani eNPO alungiselelwe iiECD).

Umngeni kwisimo setheknoloji sisithintelo kubume bemali kwiphondo nakwiSebe. ISebe liya kuqhuba ukumilisela imiqathango yokudambisa ezinye zeempembelelo zokuncitshiswa okuqikilelwayo kohlahlo lwabiwo-mali lwephondo kwisithuba seMTEF, ngokwandisa uhlaziyo lwayo lwe-ICT ngaphezulu kwesithuba esikhoyo seDSD seminyaka emihlanu ukuya kwiminyaka emithandathu nokufumana iinkonzo ezingakho zenkxaso-mali.

5.3 Ubume boMbutho



5.4 Inkcazelo yeNkqubo yeQhinga yoCwangciso

lingxelo yeqhinga locwangciso ixhaswa luhlahlelo lwemiphumela yesizwe nokungundoqo okuqulathwe kwiNDP, kwiziphumo zeMTSF, okungundoqo kwiphondo kunye neePSG, yaye ziphuhlise ngokusetyenziswa kwale nkqubo ilandelayo:

- ISebe linxibelelana ngocweyo locwangciso kunye nengingqi yalo kunye nabasebenzi bolawulo loommandla wonikezelo ngenkonzo ukulungiselela ukuphuhlisa isicwangciso esisekwe kwiphondo nengingqi esithe sanikezela ngesicwangciso esibanzi sokunikezelwa kwenkonzo kwiphondo linezi njongo zilandelayo:
 - Ukuphuhlisa isicwangciso esithi sichaze unikezelo olupheleleyo lwenkonzo yiDSD;
 - Ukunika umfanekiso wokuhanjiswa kokunikezelwa kwenkonzo kwiphondo ukuya kwinqanaba lommandla wenkonzo (SDA); kunye
 - Ukuchaza iinyaniso zomiliselelo, izithuba zokunikezelwa kwenkonzo, amabango enkonzo nokubekwa phambili/nokuphinda kubekwe phambili kweenkonzo.

Umpfumela wenkqubo yayikukuqinisekisa into yokuba isicwangciso seSebe sokunikezelwa kwenkonzo siyintlanganiso yezicwangciso zengingqi nezokunikezelwa kwenkonzo kwinqanaba leSDA ethi imele, yaye iqulunqwe ngentsebenziswano nabasebenzi bengingqi. Ingxelo ehlangeneyo yaqunjelwa, yaxoxwa kunye nabo bonke abalawuli abaphezulu bengingqi ze yanikezelwa kubalawuli abaphezulu okokuba bayiqwalasele ze bagqibe ngomakwenziwe ngaphezulu.
- Iinkqubo zangaphakathi zokubeka phambili zaqaliswa yaye utshintsho oluhamba nazo lwaqhubeka ukulungiselela ukuthwalwa kwempembelelo yesiseko esincitshisiweyo. Ezi ziqulathwe kwiinkqubo ezimbini zeMTEC kunye neentetho.
- Ucweyo locwangciso lwabanjwa kunye neenkqubo zokunikezelwa kwenkonzo kunye nale mimandla ilandelayo ekujoliswe kuyo:
 - Ulungelelwaniso ngokuhambelana nezigunyaziso zalo kunye neenguqu kubume balo bokunikezelwa kwenkonzo;
 - Umsebenzi kunye neendlela zohlaziyo lohlahlo lwabiwo-mali kwisithuba sokugqibela seMTEF kubume bokungundoqo kwaso nezigqibo eziphathelelene nokubekwa phambili kwakhona;
 - Umgqaliselo nekujoliswe kuko kophuhliso ngokunjalo nolungelelwaniso kwiinkcazelo zomgqalisela wobuchule apho kufanelekileyo.

Amaxwebhu olungiselelo anikezelwa kwangaphambili athi anikezele ngesiseko esilungiselelwe ezi ngxoxo.
- INTloko yephondo yeSebe loPhuhliso lweNtlalo igcina isigqibo ukugcina imigqalisela yecandelo nephondo equlathwe kwi-APP 2013/14 kunye neenguqu ezigcinwe zingephi. Esi sigqibo saxhaswa ngoku kulandelayo:
 - ISebe lithembise kwicandelo leNPO okokuba imigqalisela yomsebenzi ayisayi kuguquka elungiselelwe iMTEF kuba imigqalisela eguqukayo iya kudinga ukuba iSebe liya kuguqula ngaphezulu kwama-2 200 ezivumelwano. Liya kudinga ngokunjalo ukuchaza ngokutsha amaxwebhu axhasayo afunekayo ukulungiselela iinjongo zophicotho-zincwadi;
 - ISebe lenze izithembiso eziyelelene kwiKomiti yeSikhundla soPolitiko sepalamente yephondo engoPhuhliso loLuntu nakwiKomiti eSigxina yee-Akhawunti (SCOPA), kuba; la maqumrhu aphakamisa imicimbi emalunga nokuguquka rhoqo kwemigqalisela, nto leyo eyenza kube nzima kakhulu ukuseka iziseko nokulandela inkqubela phambili yeSebe ngaphezulu konyaka-mali omnye ze kube ngunobangela womthwalo wolawulo weeNPO;
 - Kwixesha ngalinye imigqalisela iguqulwa iziseko ezitsha nekujoliswe kuko kufuneka kuphuhlise. Oku kulangabezana nenkqubo yeKomiti yeNkcitho yesiThuba esiPhakathi (MTEC) yaye; yaye
 - ISebe liya kubandakanya imigqalisela yecandelo elitsha kwi-APP yakho kunye neeNgxelo zaRhoqo ngeKota yoMsebenzi (QPR), kodwa alisayi kuba nakho ukubeka okanye ukunika ingxelo emalunga nekujoliswe kuko.

5.5 Ulungelelwaniso lweZigunyaziso zeSebe

Ulungelelwaniso kwizahluko zeziCwangciso zeSizwe zoPhuhliso (NDP) ezifanelekileyo, kwimiphumela yesiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi, (MTSF), i-OneCape2040 kunye neeNjongo zeQhinga zePhondo (PSG), iGame Changer

Iziphumo zeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Injongo Yesicwangciso-qhinga Sephondo	Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwe-DSD kwiGame Changer yePhondo	Iinjongo eziJolise kwisiPhumo seQhinga leSebe	Isimo seNkqubo yoHlahlo lwaBiwo-mali
Kukwakha umbuso onamandla nosekelwe kuphuhliso. Ukulwa urhwapphilizo.	Inkonzo karhulumente ephuhlisiweyo nesebenza ngendlela eneziqhamo.	IKapa Elikhokelayo: Sikhokelisa inkqubo ekwinqanaba lelabathi esekelwe ekunikezelweni kweenkonzo.	Kukufaka inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo esekelwe kulawulo olululo ngentsebenziswano nokulungiswa kwemeko yokusebenzela	-	Ukuphuculwa kolawulo lweQumrhu.	Inkqubo 1: Ezolawulo Injongo: Kukunikezela iinkonzo zolawulo lweqhinga nezenkxaso kuwo onke amanqanaba eli Sebe – kundlunkulu, kwi-ofisi yommandla, kweyengingqi nakweyeziko.
Kukukhuselwa koluntu. Unonophelo lwempilo kumntu wonke. Ukwakha iindawo zokuhlala ezikhuselekileyo. Ukwakha isizwe nokuhlanganiaswa koluntu.	Inkqubo ephendulayo yokukhuselwa koluntu. Ubomi obude nobusempilweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika. Bonke abantu abaseMzantsi Afrika bakhuselekile yaye baziva bekhuselekile. Ukuphucula uluntu nokumanya ilizwe.	Ukuthungelana iKapa: Ukunakana nokuphakamisa amandla entsebenziswano. IKapa elishishinayo: Makuphakanyiswe igugu lomsebenzi ngokuthi kusetyenziswe iinkqubo zokuqesha eburhulumenteni ze kukhokelwe amalinge oluntu kushishino. IKapa elihlaliwayo: Ukusuka ekugxileni kwizindlu kuyiwe kwiinkonzo, izibonelelo zoluntu	Ukuphakamisa intlalontle, ukhuseleko nokunciphisa ububi bentlalo.	-	Kukuphakamisa ukuphila ngendlela esebenzayo kwabantu abahlelelekileyo nabasemngciphekweni ngokweenkonzo zentlalo-ntle.	Inkqubo 2: IiNkonzo ZeNtlalo-ntle. Injongo: Kukunikezela uthotho lweenkonzo ezihlanganyelweyo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso kubantu abahlelelekileyo nabasemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani kwanemibutho yoluntu ngokubanzi.

Iziphumo zeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Injongo Yesicwangciso-qhinga Sephondo	Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwe-DSD kwiGame Changer yePhondo	Iinjongo eziJolise kwisiPhumo seQhinga leSebe	Isimo seNkqubo yoHlahlo lwaBiwo-mali
<p>Kukukhuselwa koluntu. Unonophelo lwempilo kumntu wonke.</p> <p>Ukwakha iindawo zokuhlala ezikhuselekileyo.</p> <p>Ukwakha isizwe nokuhlanganiaswa koluntu.</p> <p>Kukuphucula imfundo, uqeqesho neendlela ezintsha.</p>	<p>Inkqubo ephendulayo yokukhuselwa koluntu.</p> <p>Ubomi obude nobusempilweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.</p> <p>Bonke abantu abaseMzantsi Afrika bakhuselekile yaye baziva bekhuselekile.</p> <p>Ukuphucula uluntu nokumanya</p>	<p>Ukuthungelanisa iKapa: Ukunakana nokuphakamisa amandla entsebenziswano.</p> <p>IKapa efundileyo: Kukulawula inkqubo yemfundo esebenzayo neneziphumo zenqanaba lehlalathi.</p> <p>Uququzelelo lwenkqubo ehlangeneyo yenguqulelo.</p> <p>IKapa elihlaliwayo: Ukusuka ekugxileni kwizindlu kuyiwe kwiinkonzo, izibonelelo zoluntu ekuhlaleni kwakunye nothutho noluntu.</p>	<p>Ukuphakamisa intlalontle, ukhuseleko nokunciphisa ububi bentlalo.</p> <p>Kukuphucula iziphumo zemfundo kwakunye namathuba ophuhliso lolutsha.</p>	<p>Ukwandiswa kwemisebenzi elungileyo yaseMva kweSikolo: Ukuthatyathwa kwenxaxheba yarhoqo nezinzileyo kwimisebenzi ethi ibonelele ngokuphathelene nophuhliso lolutsha.</p>	<p>Ulojongo oluhlangeneyo lwabantwana nosapho kunye neenkonzo zenkxaso ukukhusela amalungelo abantwana nokukhuthaza intlalontle yentlalo.</p>	<p>Inkqubo 3: Ezabantwana Neentsapho Injongo: Kukunikezela uthotho lweenkonzo ezigqibeleleyo zononophelo nenkxaso kubantwana nakwiintsapho kwiingingqi ngentsebenziswano namahlakani kwanemibutho yoluntu ngokubanzi.</p>
<p>Kukukhuselwa koluntu. Unonophelo lwempilo kumntu wonke.</p> <p>Ukwakha iindawo zokuhlala ezikhuselekileyo.</p> <p>kwakha isizwe nokuhlanganiaswa koluntu.</p>	<p>Inkqubo yokhuselo loluntu ebandakanyayo nephendulayo.</p> <p>Ubomi obude nobusempilweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.</p> <p>Bonke abantu abaseMzantsi Afrika bakhuselekile yaye baziva bakhuselekile.</p>	<p>Ukuthungelanisa iKapa: Ukunakana nokuphakamisa amandla entsebenziswano.</p> <p>IKapa elihlaliwayo: Ukusuka ekugxileni kwizindlu kuyiwe kwiinkonzo, izibonelelo zoluntu ekuhlaleni kwakunye nothutho noluntu.</p>	<p>Ukuphakamisa intlalontle, ukhuseleko nokunciphisa ububi bentlalo.</p>	<p>Ukuncitshiswa kweNgozi eziNxulumene noTywala: Ukwandisa kokulunga kwempilo enxulumene notywala kunye neenkonzo zentlalo.</p>	<p>Ukulungisa ububi bentlalo ngokunikezela ngothintelo olubanzi lothintelo lolwaphulo-mthetho nokhuseleko kusetyenziso gwenxa lweziyobisi neenkqubo zovuselelo ngokutsha.</p>	<p>Inkqubo 4: Iinkonzo zokuBuyisela esimeni esisiso. Injongo: Ukunikezelwa kothintelo oluhlangeneyo lolwaphulo-mthetho lwentlalo oluphuhlalayo kunye neenkonzo ezichasene nokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa kwabo basesichengeneni kakhulu ngentsebenziswano nabachaphazelekayo nemibutho yentlalo.</p>

Iziphumo zeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Injongo Yesicwangciso- qhinga Sephondo	Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwe-DSD kwiGame Changer yePhondo	Iinjongo eziJolise kwisiPhumo seQhinga leSebe	Isimo seNkqubo yoHlahlo lwaBiwo-mali
	Ukuphucula uluntu nokumanya isizwe.					
<p>Kukwakha umbuso onamandla nosekelwe kuphuhliso.</p> <p>Social protection.</p> <p>kwakha isizwe nokuhlanganiswa koluntu.</p> <p>Ukuba luqilima kwanokomelela kwendalo esingqongileyo. Uqoqosho nengqesho.</p>	<p>Inkqubo karhulumente esebenza ngeziphumo nesemgangathweni esekelwe kuphuhliso.</p> <p>Ingqesho esemgangathweni ngophuhliso loqoqosho olubandakanyayo.</p> <p>Abasebenzi abanezakhono nabawaziyo umsebenzi ngenjongo yokuxhasa indlela yokukhula emanyeneyo.</p> <p>Uphuhliso lwamaphandle olugqibeleleyo.</p>	<p>IKapa efundileyo: Kukulawula inkqubo yemfundo esebenzayo neneziphumo zenqanaba lehlabathi. Kukukhokela inkqubo engentsebenziswano neyeyala maxesha.</p> <p>IKapa elishishinayo: Makuphakanyiswe igugu lomsebenzi ngokuthi kusetyenziswe iinkqubo zokuqesha eburhulumenteni ze kukhokelwe amalinge oluntu kushishino.</p> <p>Ukuthungelanisa iKapa: Kukunakana nokuphakamisa amandla entsebenziswano</p>	<p>Kukudala amathuba okuphuhla kunye nawengqesho.</p> <p>Kukuphucula iziphumo zemfundo kwakunye namathuba ophuhliso lolutsha.</p>	-	<p>Kukudala amathuba ngokuthi kunikezelwe iinkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni.</p>	<p>Inkqubo 5: Ezophuhliso nezophando Injongo: Kukunikezela iinkonzo zophuhliso oluluqilima, eziphakamisa ukuxhotyiswa koluntu ekuhlaleni, ngokusekelwe kubungqina bophando kwakunye neenkukacha ngeemeko kwiingingqi zokuhlala.</p>

6 Iinjongo eziJolise kuMphumela weQhinga leSebe

<p>INjongo 1 eJolise kuMphumela weQhinga</p>	<p>Ulawulo lweQumrhu oluPhuculweyo</p> <p>INGxelo yeNjongo: ISebe liphumeza iinkqubo zoshishino ezisebenzayo nezisemgangathweni eziquka ulawulo lwezophando, ucwangciso, ulwazi nentsebenzo ze ngoko kube kuphuculwa intsebenzo yalo kwicandelo lentlalo-ntle.</p> <p>Isizathu: Kukwandisa isidima seenkqubo zoshishino ngokweenkqubo zokuthatyathwa kwezigqibo ezingafihlisiyo nezibandakanyayo, ndawonye nohlolo nokunikezelwa kweengxelo. Kuyakuthi kubekwe emgangathweni ze zibe zezisebenza ngendlela iinkqubo zoshishino kwakunye namacandelo esebe ngenjongo yokuphakamisa nokuphucula inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kweli phondo.</p> <p>Unxulumano: Le njongo ithungelana noPSG 5: "Ukufaka iinkqubo zolawulo ezisemgangathweni kwakunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ehlanganyelweyo ngokweentsebenziswano kunye nokulungelelaniswa kweemeko." Ikwathungelana kuhle nesiphumo seNDP 2030: "Ukwakha umbuso okwaziyo ukusebenza nosekelwe kuphuhliso" kunye "Nokulwisana norhwaphilizo" kunye nesiphumo seMTSF 2019: "Inkqubo yombuso esebebenza ngendlela nesekelwe kuphuhliso."</p>
<p>INjongo 2 eJolise kuMphumela weQhinga</p>	<p>Ukwandisa ukusebenza kwentlalo yabantu abahluphekileyo nabasesichengeni ngokusefenziswa kweenkonzo zentlalo-ntle</p> <p>INGxelo yeNjongo: Ukuphakamisa ukusebenza ngokwaseluntwini kwabantu abahlelekileyo nabasemngciphekweni ngokuthi kunikezelwe amalinge neenkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezifanelekileyo ezixhasa nezinika amandl aabantu neentsapho, ngentsebenziswano nabachaphazelekayo.</p> <p>Isizathu: Le nkqubo ijolise ekunikezeleni uthotho lweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezisekelwe ekuphuhliseni bonke abantu namaqela ahlelekileyo ingakumbi abantu abakhubazekileyo, abantu abadala kwanabo bazibhaqa bephantsi kweentsizi ezimandla.</p> <p>Unxulumano: Le njongo ithungelana nePSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko nokucitshiswa kobubi bentlalo", ikwathungelana kuhle Nesiphumo Sesizwe 2: "Ubomi obude nobuhle babemi boMzantsi Afrika", Isiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kwanokufaka igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kunye Nesiphumo Sesizwe 13: Inkqubo yokhuseleko loluntu ebandakanyayo nephendulayo".</p>
<p>INjongo 3 eJolise kuMphumela weQhinga</p>	<p>Iinkonzo zenkxaso ezibanzi zololongo lwabantwana nosapho ukukhusela amalungelo abantwana nokukhuthaza impilo-ntle yentlalo</p> <p>INGxelo yeNjongo: Iinkonzo ezifanelekileyo zononophelo nenkxaso kubantwana kwakunye namalinge akhusela, axhasa nanikezela isikhokelo kwezophuhliso lwabantwana neentsapho, ngentsebenziswano namahlakani.</p> <p>Isizathu: Le nkqubo ijolise ekunikezeleni uthotho lweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu kubo bonke abantwana neentsapho ezisemngciphekweni ngenjongo yokulondoloza isimo sosapho.</p> <p>Unxulumano: Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphucula iziphumo namathuba ezemfundo ngokujolise kuphuhliso lolutsha" noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko kwanokulwisana nemikhuba eluntwini". Ngapha koko, ithungelana Nesiphumo Sesizwe 2: "Ubomi obude nobuhle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika," Isiphumo Sesizwe 11: Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokhuselekileyo kwanokufaka igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi" kwakunye Nesiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo yokhuseleko loluntu ebandakanyayo nesabelo."</p>

INjongo 4 eJolise kuMphumela weQhinga	Ukulungiswa kobubi bentlalo ngokunikezela ngothintelo oluhlangeneyo loLwaphulo-mthetho lwentlalo kunye noThintelo lokuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi neNkqubo yoBuyiselo ngokubalisa
	INGxelo yeNjongo: Kukunciphisa imikhuba ngokuthi kunikezelwe uthotho lweenkonzo zokuthintelwa kolwaphulo-mthetho, ezoluleko kunye nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi ezinciphisa imingcipheko ze kuphuhlise abantu abanesidima nabathathela kubo uxanduva.
	Isizathu: Le nkqubo ijolise ekunikezeleni uthotho lweenkonzo zeengcali kwinkalo yezoluleko kubantu abakungquzulwano nomthetho kwakunye namaxhoba abo, ngenjongo yokubomeleza ukuba bangangeni bayiqhele impilo yolwaphulo-mthetho.
	Uthungelwano: Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphucula iziphumo zemfundo namathuba ophuhliso lolutsha", kunye noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko nokuncitshiswa kobubi bentlalo." Ngapha koko ikwathungelana nesiPhumo seSizwe 2: "Impilo ende nentle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika," isiPhumo seSizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokufaka igxalaba kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kunye AyikhosiPhumo seSizwe 13: kunye neNkqubo esabelayo yoKhuseleko lweNtlalo."
INjongo 5 eJolise kuMphumela weQhinga	Ukudala amathuba ngokuthi kunikezelwe iinkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni
	INGxelo yeNjongo: Ukudala amathuba kuluntu neengingqi zokuhlala ngenjongo yokuqulunqa uluntu olunamandla okuthabatha inxaxheba kuqoqosho kwakunye nokuziphatha ngokusekelwe kubungqina bophando.
	Isizathu: Le nkqubo ijolise ekuphakamiseni ukubandakanyeka koluntu kwanokuncitshiswa kwentlupheko ngokuthi kunikezelwe iinkonzo iinkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni ngenjongo yokudala amathuba kumntu wonke ukuze babe nokuzimela.
	Uthungelwano: Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphucula iziphumo zemfundo namathuba ophuhliso lolutsha", kunye noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko nokulwisana nemikhuba eluntwini." Ngapha koko ikwathungelana Nesiphumo Sesizwe 2: "Impilo ende nentle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika," Isiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokufaka igxalaba kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono"

Qaphela Izalathisi zenjongo yeqhinga kwakunye neengcaciso zezalathisi ezihamba nazo ziye zibonakaliswe kwiSihlomelo B: liTheyibhile zeZalathisi zeNkcazelo enoBugcisa.

7 Uvavanyo ngokubanzi lohlahlo lwabiwo-mali lowama-2018/19 noqikelelo lweMTEF

7.1 Uqikelelo lwenkcitho

Isishwankathelo seentlawulo noqikelelo

Inkqubo R'000	Umpumela			Esona sabelo 2017/18	Isabelo esilungelaniweyo 2017/18	Uqikelelo oluhlengi siweyo 2017/18	Uqikelelo lwesithuba esiphakathi			Inguqu kuqikelelo oluhlangahl engisiweyo ngokwe-% 2017/18
	Iphicothi we 2014/15	Iphicothi we 2015/16	Iphicothi we 2016/17				2018/19	2019/20	2020/21	
1. ULawulo	189 043	174 273	185 987	199 813	202 437	202 437	217 894	235 158	251 272	7.64
2. IiNkonzo zeNtlo-nle yoLuntu	634 864	719 877	768 382	850 242	841 269	841 269	896 905	955 235	1 006 946	6.61
3. EzaBantwana neeNtsapho	550 888	601 064	611 241	651 564	656 282	656 282	694 273	744 675	777 650	5.79
4. IiNkonzo zoBuyiselo kwiSimo	290 705	318 985	344 612	348 686	352 879	352 879	386 697	414 685	443 963	9.58
5. EzoPhuhliso noPhando	68 342	77 873	49 771	56 669	57 654	57 654	45 895	44 624	47 334	(20.40)
Zizonke iintlawulo noqikelelo	1 733 842	1 892 072	1 959 993	2 106 974	2 110 521	2 110 521	2 241 664	2 394 377	2 527 165	6.21

Isishwankathelo seentlawulo noqikelelo ngokohlalelo loqoqosho

Uhlalelo ngokoqoqosho R'000	Umphumela			Esona sabelo	Isabelo esilungelelanis iweyo	Uqikelelo oluhlengi siweyo	Uqikelelo lwesithuba esiphakathi			Inguqu kuqikelelo oluhlangahl engisiweyo ngokwe-%
	Iphicoth iwe 2014/15	Iphicothi we 2015/16	Iphicothi we 2016/17	2017/18	2017/18	2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2017/18
Iintlawulo zangoku	749 914	800 018	873 204	936 665	930 490	930 976	1 008 803	1 090 105	1 163 858	8.42
Imbuyekezo yabasebenzi	571 040	620 270	678 650	752 769	743 479	743 479	812 267	874 960	938 383	9.25
Impahla neenkonz	178 874	179 748	194 554	183 896	187 011	187 011	196 536	215 145	225 475	5.09
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	955 013	1 063 154	1 057 639	1 138 533	1 148 573	1 148 573	1 198 476	1 267 957	1 324 994	4.34
Iiarhente zeSebe neeakhawunti	31	32	33	39	39	39	21	34	37	(46.15)
Amaqumrhu angenzi nzuzo	946 775	1 052 555	1 047 132	1 129 461	1 138 308	1 138 308	1 189 876	1 259 073	1 313 684	4.53
Ezasekhaya	8 207	10 567	10 474	9 033	10 226	10 226	8 579	8 850	11 273	(16.11)
Iintlawulo zezakhiwo	27 334	27 779	27 913	31 776	31 458	31 458	34 385	36 315	38 313	9.30
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezingashukumiyi	3 049									
Oomatshini nezixhobo	24 285	27 766	27 913	31 776	31 443	31 443	34 385	36 315	38 313	9.36
Iinkqubo zekhompyutha nee-iasethi ezingabambekiyo	-	13	-	-	15	15	-	-	-	(100.00)
Iintlawulo zeeasethi eziyimali	1 581	1 121	1 237	-	-	-	-	-	-	-
Uhlalelo lulonke ngokohlalelo loqoqosho	1 733 842	1 892 072	1 959 993	2 106 974	2 110 521	2 110 521	2 241 664	2 394 377	2 527 165	6.21

Ukwayanyaniswa kweendlela zenkcitho kunye neenjongo zeziphumo zeqhinga

iDSD ithungelanise iinkonzo zayo eziphambili kunye neziphumo zikazwelonke kunye nezicwangciso-qhinga zezicwangciso-qhinga sephondo, kuxhaswe ngemali inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kwiinkalo ezingundoqo ezizezi, uNonophelo Nokhuselo Lwabantwana, aBantu abaDala, ukuKhubazeka, ukuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi kwakunye noPhuhliso loLutsha. Sigxile kakhulu ekuzuzeni iinjongo ezithe zandiswa ezisekelwe phantsi kwemithetho ezisusela ekuqulunqweni nasekuphunyezweni kwemithetho iPrevention of and Treatment for Substance Abuse Act, iChildren's Act, iChild Justice Act, kunye ne-Older Persons Act, phakathi kweminye.

Izigqibo zohlahlo lwabiwo-mali

Ezi zigqibo zohlahlo lwabiwo-mali ezinxulunyaniswe nokungundoqo kube nempembelelo kwinkqubo yokubeka phambili kweSebe:

Izigqibo zohlahlo lwabiwo-mali	Imingcipheko engundoqo yohlahlo lwabiwo-mali neyokunikezelwa kwenkonzo	Ukudanjiswa kwemingcipheko
Umnikelo weSizwe woXhomekeko we-EPWP wancitshiswa ukusuka kwizigidi ezili-R15.9 ukuya kwisigidi esi-R1.48.	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuncipha kwamathuba omsebenzi ukusuka kuma-624 ukuya kuma-62.5 aqikelelweyo kowama-2018/19. Oku kube nomphumela wokuncipha kwamava kwindawo yomsebenzi, uqeqesho lwamakhono kunye nengeniso kubantu abangenamsebenzi. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Abagqatswa be-EPWP abangathathwanga yinkqubo bathunyelwa kwiinkonzo ze-youth café kunye neenkqubo ezikhoyo zophuhliso lolutsha. Ii youth café ezangezelelweyo ezine zicwangciselwe unyaka wama-2018/19.
Ukunyuka okungaphantsi komlinganiselo wokunyuka kwamaxabiso kwiiNPO zeNtlalo-ntle yoLuntu (ubuncinane beyunithi yeendleko ngesi-3% kunye ne-5.7% enkxaso-mali yengxowa-mali yomsebenzi wentlalo odlulileyo).	<ul style="list-style-type: none"> ● IiNPO ezivalayo (kubandakanywa iCAFDA, iSANCA Atlantis kunye neMitchells Plain, APD, Witzenberg, ACVV, kunye neNtlalo-ntle yaBantwana); ● I DSD ezithathela kuyo ezi nkonzo okuthe kwakhokhelela kukwanda kwentsilelo ekhoyo. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuthotywa ngakumbi kolwazi kunye neenkonzo zongenelo; ● Ukuphuhliswa kothintelo olujolisileyo lokhuseleko lomntwana kunye neqhinga langethuba longenelo; ● Ukumiliselwa koyilo oluhlangeneyod Isibindi; ● I DSD ithabathela kuyo iinkonzo ebezimiliselwe ngaphambili ziiNPO nokusetyenziswa kwenkxaso-mali ekhutshelweyo.
Ukungakwazi ukugcina isiseko esikhoyo se-ECD (ukubhaliswa ngokutsha okuthe kwaphelelwa ngaphambili kubhaliso lwe-ECD).	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukungakwazi ukuxhaswa ngemali kwee-ECD ezibhaliswe ngokutsha; ● Ukufumana okunyiniweyo kokulungela iinkonzo ze-ECD ezihambelanayo kunye nezithethe eziphantsi kunye nemigangatho. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukusetyenziswa inkxaso-mali yomnikelo woxhomekeko ukuxhasa ngemali iieCD eziphinde zabhaliswa ngokutsha. Isicelo sele senziwe kwiDSD yesizwe ukulungiselelwa le meko.
Akubanga nakho ukumiliselwa kokwandiswa kweendawo kwiNqanaba 2 yenkqubo ephambili/eyodwa ye-ECD ukuphucula ukubala nokufunda nokubhala.	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukungabinakho ukwandisa iprojekti yephondo kwii-ECD ezili-100. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukulolongwa kweenkonzo ezikhoyo kwizakhiwo ezikhoyo ezingama-50.
Ukungabinakho ukuhambelana nemindilili yabasebenzi (ingakumbi abasebenzi bololongo lwabantwana nolutsha) kubantwana kumaziko ololongo olukhuselekileyo ahambelana nezithethe nemigangatho.	<ul style="list-style-type: none"> ● Umngcipheko wezehlo eziyingozi ezingaphezulu ngenxa yemingcipheko yokhuseleko. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuchongwa kwezithuba ezibalulekileyo ezinakho ukuba zingazaliswa (kubandakanywa abasebenzi abathile bololongo lwabantwana nolutsha); ● Ukuncitshiswa ngokuqhubekayo umndilili wabantwana kubasebenzi bololongo lwabantwana nolutsha kwisithuba se MTEF.
Akukho kwanda kwisithuba sebhedo kunye neendleko zeyunithi ezilungiselelwe iindawo zokhuseleko ezilungiselelwe abantu	<ul style="list-style-type: none"> ● Akukwazi ukuhlangabezana nebango elikhoyo lesithuba sebhedo; ● Ukungahambelani nezithethe nemigangatho. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukugcinwa kwesiseko esikhoyo.

Izigqibo zohlahlo lwabiwo-mali	Imingcipheko engundoqo yohlahlo lwabiwo-mali neyokunikezelwa kwenkonzo	Ukudanjiswa kwemingcipheko
abadala abangenawo amakhaya.		
Akukho lunyuso lwemali kulungiselelwa iibhedi ezingama-70 kubantwana nabantu abadala abakhubazeke ngengqondo nemingeni kwindlela yokuziphatha.	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukungabinakho ukumilisela isiGqibo seKhabinethi esiphathelelene netyala lenkundla lokuKhubazeka ngeNgqondo. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukugcinwa kwesiseko esikhoyo.
Ukunyuswa okungaphantsi kwexabiso kulungiselelwa amaZiko oLolongo eNPO yaBantwana noLutsha.	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukungabinakho ukuhambelana nezithethe nemigangatho yomthetho. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukugcinwa kwesiseko esikhoyo; Ukubeka phambili ngokutsha kwangaphakathi.

**ICANDELO B: IINJONGO ZEQHINGA
NENGCACISO YEENKQUBO**

ICANDELO B: IINJONGO ZEQHINGA NENGCACISO YEENKQUBO

Eli candelo lisetyenziselwa ukucwangcisa ekujoliswe kuko komsebenzi kulungiselela unyaka ozayo wohlahlo lwabiwo-mali nakwisithuba seMTEF senjongo nganye yeqhinga echongwe kwiCandelo B lesiCwangciso seQhinga. Imigqalisela yokuSebenza eya kuthi iququzelele uvavanyo lomsebenzi uphela wenkqubo nganye ibandakanywe ngokunjalo.

Itheyibhile engezantsi ibonisa uBume beNkqubo yoHlahlo Lwabiwo-mali.

UBume beNkqubo yoHlahlo Lwabiwo-mali 2018/19

INKQUBO	INKQUTYANA
1. ULawulo	1.1. IOfisi ka MEC 1.2. IiNkonzo zoLawulo lweQumrhu 1.3. ULawulo lwesiThili
2. IiNkonzo zeNtlalo-ntle	2.1. ULawulo neNkxaso 2.2. IiNkonzo kuBantu abaNtshona 2.3. IiNkonzo kuBantu abaNtshona abaNtshona abaNtshona 2.4. I- HIV nee-AIDS 2.5. Udanjiso lweNtlalo
3. Abantwana neeNtsapho	3.1. ULawulo neNkxaso 3.2. ULolongo neenkonzo kwiiNtsapho 3.3. ULolongo lwaBantwana noKhuselo 3.4. I-ECD nololongo olungaphelelanga 3.5. AmaZiko oLolongo lwaBantwana noLutsha 3.6. IiNkonzo zoLolongo eziSekwe kuLuntu ezilungiselelwe abantwana
4. IiNkonzo zokuBuyiselwa kwisimo esisiso	4.1. ULawulo neNkxaso 4.2. Uthintelo loLwaphulo-mthetho nenkxaso 4.3. Uxhotyiso lweXhoba 4.4. Ukusetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi noThintelo nokuBuyiselwa eSimeni esisiso
5. UPuhliso noPhando	5.1. ULawulo neNkxaso 5.2. Uvuselelo loLuntu 5.3. Ikhono lesakhiwo seziko nenkxaso yeeNPO 5.4. Ukubhangiswa kwendlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle 5.5. UPhando olusekwe kuluntu noCwangciso 5.6. UPuhliso lolutsha 5.7. UPuhliso lwabantu ababhinqileyo 5.8. UkuKhuthazwa koMgaqo-nkqubo waBemi

8 INkqubo 1: ULawulo

Injongo yeNkqubo

Le nkqubo ibamba iinkonzo zolawulo lweqhinga nenkxaso kuwo onke amanqanaba eSebe okt. iPhondo, iNgingqi, isiThili kunye nenqanaba leSibonelelo/iZiko.

Qaphela: IZiko leNkonzo yeQumrhu, elikumagunya eSebe leNkulumbuso, linikezela ngeenkono zenkxaso zilandelayo kwiSebe: ULawulo lweMicimbi yaBasebenzi.

Inkqubo iqulathe ezi nkqutyana zilandelayo:

INKCAZELO YENKQUBO

INkqutyana 1.1 I-Ofisi yeMEC

Injongo yeNkqutyana

Inikezela ngomda wopolitiko nomthetho phakathi korhulumente, kumbutho woluntu kunye nabo bonke abanye abafanelekileyo abachaphazelekayo.

INkqutyana 1.2 IiNkonzo zoLawulo lweQumrhu

Injongo yeNkqutyana

Ukunikezela ngesikhokhelo seqhinga kunye nolawulo ngokubanzi lweSebe.

INkqutyana 1.3 ULawulo lwesiThili

Injongo yeNkqutyana

Ukunikezela ngenkonzo zolawulo ezikwindawo enye, kwinqanaba lesithili kwiSebe.

(Isihloko uLawulo lwesiThili sichazwa ngokuhambelana nesimo soHlahlo Lwabiwo-mali lweSizwe. Nangona kunjalo, iDSD yeNtshona Koloni isebenza kwii-ofisi zengingqi.)

Ekujoliswe kuko kwiNkqubo

Ngethuba lalo nyaka-mali, iNkqubo 1 iya kujolisa kule mimandla ilandelayo yeqhinga:

- Ukumiliselwa kobume bombutho weSebe kunye nenkqubo yoyilo ngokutsha lombutho ukwandisa ikhono lokunikezelwa kwenkonzo nokubekwa kweliso kumsebenzi kwizithinteli ezikwiqondo eliphezulu lenkcitho ye CoE;
- Ukwakhiwa kwekhono lonoontlalo-ntle, abaphathi bomsebenzi wentlalo, abalawuli bomsebenzi wentlalo, kunye nabasebenzi bololongo lwabantwana nolutsha ngokuphathelelene kumiliselolo loMthetho waBantwana; kunye
- Nokuphuculwa kwendlela yolawulo kwiSebe okokuba ligcine uphicotho-zincwadi lwalo olungenaziphene– iwonga lophicotho-zincwadi olungenaziphene ngokuphathelele kulawulo lwemali kunye neenjongo ezimiselwe kwangaphambili.

INJONGO YEQHINGA

Injongo yeqhinga	Kukunikezela iinkonzo zenkxaso ngokusekelwe kwisicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa ulawulo olululo kwakunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo esemgangathweni.
Intetho yeNjongo	Ukunikezela iinkonzo zenkxaso ngokusekelwe kwisicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa ulawulo olululo kwakunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo esemgangathweni ukuya kuthi ngenyanga kaMatshi wama-2020.
Isisekelo	Isisekelo: UPHicotho olungenaziphene.
Isizathu	Kukuphakamisa indlela eyiyo yokuphuculwa kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ngurhulumente weNtshona Koloni.
Unxulumaniso	Le njongo ithungelana noPSG 5: 'Kukufaka ulawulo olululo kwanenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ngeentsebenziswano kwanokuthungelana indawo yokusebenzela.' Kwakunye Nenjongo yeqhinga leSebe: "Ukuphuculwa koLawulo lweaqumru." Ikwathungelana kuhle nesiphumo se-NDP 2030: 'Ukwakha umbuso okwazi ukusebenza nosekelwe kuphuhliso' kunye 'nokulwisana norhwaphilizo' kwakunye nesiphumo se-MTSF 2019: 'Inkonzo karhulumente esebenzayo nesekelwe kuphuhliso lwentsebenzo.'

1.2.1 Injongo yeqhinga	Isalathiso sokusebenza esisekwe kwinjongo yeqhinga	Okujoliswe kuko kwesincwan gciso seqhinga	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
			2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
Kukunikezela iinkonzo zenkxaso ngokusekelwe kwisicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa ulawulo olululo Kwakunye nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo esemgangathweni.	Uluvo lwe-AG ekuphicothweni kweengxelo zemali kunye kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kwee-nkcukacha zentsebenzo ezinikezelweyo.	Uluvo lophicotho olungenaziph ethe ngaphandle kwemiba yogxininiso futhi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.	Uphicotho olungenaziph ene	Uphicotho olungenaziph ene	Uphicotho olungenaziph ene	Uluvo lophicotho olungenaziph ethe ngaphandle kwemiba yogxininiso futhi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.	Uluvo lophicotho olungenaziph ethe ngaphandle kwemiba yogxininiso futhi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.	Uluvo lophicotho olungenaziph ethe ngaphandle kwemiba yogxininiso futhi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.	Uluvo lophicotho olungenaziph ethe ngaphandle kwemiba yogxininiso futhi kungabikho zingxelo zitheni ngemiba yemali kwakunye nokuba lulutho nokuthembakala kweenkcukacha zentsebenzo ezithe zanikezelwa.

IMIGQALISELA YOKUSEBENZA YECANDELO⁴

IMIGQALISELA YOKUSEBENZA KWENKQUBO

Umgaqaliselela wenkqubo yokusebenza	Okuphicothiweyo/owona msebenzi	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi						
		2014/15	2015/16	2019/20	Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	2018/19	2019/20	2020/21
1.2.1.1 Inani lamangenelo oqaqesho omsebenzi wentlalo-ntle kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalo-ntle.		34	25	25	25	25	25	25
1.2.1.2 Inani labaqeqeshwa besengqeshweni kwinkqubo yeNkulumbuso yokuqhutyelwa phambili koLutsha (PAY).		20	20	20	20	20	20	20

⁴ Imigqaliselela yecandelo engachazwanga icalulwe kwiSihlomelo E.

Umgaqalisela wenkqubo yokusebenza		Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
		2014/15	2015/16	2019/20		2018/19	2019/20	2020/21
1.2.1.4	Inqanaba leMPAT loMgangatho woLawulo: Izicwangciso zoNyaka zokuSebenza.	Umgaqalisela omtsha	3.5	4	4	4	4	4
1.2.1.5	Inqanaba leMPAT loMgangatho woLawulo: ULawulo lweQumrhu le- ICT.	Umgaqalisela omtsha	4	4	4	4	4	4
1.2.1.6	Inqanaba leMPAT loMmandla wokuSebenza: ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo.	MPAT: 4 CGRO: 3+	4	4	4	4	4	4
1.2.1.7	Inqanaba leMPAT loMmandla wokuSebenza: ULawulo lweNkcitho.	MPAT: 3.8 CGRO: 3+	4	4	4	4	4	4
1.2.1.8	Inqanaba leMPAT loMgangatho woLawulo: UkuBekwa kweLiso noVavanyo.				Umgaqalisela omtsha	3	3	3
1.2.1.9	Inqanaba le MPAT loMmandla wokuSebenza: Ebekwe esweni				Umgaqalisela omtsha	3	3	3

Ulwahlulwa-hlulo ngokwekota

Umgaqalisela wenkqubo yokusebenza		UNXULUMA NISO LWEPSG	Iithuba lokunikezelwa kwengxelo	Iithagethi ngonyaka 2018/19	Iithagethi zarhoqongekota				Eyongezel eka yo/Engong eze lekiyo
					1 st	2 nd	3 rd	4 th	
1.2.1.1	Inani lamangenelo oqeqesho omsebenzi wentlalo-ntle kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalo-ntle.	5	Ngekota	25	5	10	5	5	C
1.2.1.2	Inani labaqeqeshwa besengqeshweni kwinkqubo yeNkulumbuso yokuqhutyelwa phambili koLutsha (PAY).	5	Ngonyaka	20	-	-	-	20	N/C
1.2.1.4	Inqanaba leMPAT loMgangatho woLawulo: Izicwangciso zoNyaka zokuSebenza.	5	Ngonyaka	4	-	-	-	4	N/C
1.2.1.5	Inqanaba leMPAT loMgangatho woLawulo: ULawulo lweQumrhu le- ICT.	5	Ngonyaka	4	-	-	-	4	N/C
1.2.1.6	Inqanaba leMPAT loMmandla wokuSebenza: ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo. ⁵	5	Ngonyaka	4	-	-	-	4	N/C
1.2.1.7	Inqanaba leMPAT loMmandla wokuSebenza: ULawulo lweNkcitho. ⁶	5	Ngonyaka	4	-	-	-	4	N/C

⁵ Inqanaba lokusebenza layo yomine imigangatho yeSixhobo soVavanyo soLawulo lokuSebenza (MPAT) kufuneka lifunyanwe ukulungiselela lo mmandla wokusebenza njengoko ucacisiwe kwiManyuwali yeNkcazelo yoMgaqalisela (IDM).

⁶ Inqanaba lokusebenza layo yomihlanu imigangatho (MPAT) kufuneka lifunyanwe ukulungiselela lo mmandla wokusebenza njengoko ucacisiwe kwiManyuwali yeNkcazelo yoMgaqalisela (IDM).

Umgqalisela wenkqubo yokusebenza	UNXULUMA NISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithagethi ngonyaka 2018/19	Iithagethi zarhoqongekota				Eyongezelaka yo/Engongeze lekiyo
				1 st	2 nd	3 rd	4 th	
1.2.1.8 Inqanaba leMPAT loMgangatho woLawulo: UkuBekwa kweLiso noVavanyo.	5	Ngonyaka	3	-	-	-	3	N/C
1.2.1.9 Inqanaba le MPAT loMmandla wokuSebenza: Kwezentlolo	5	Ngonyaka	3	-	-	-	3	N/C

8.1 Ulungelelwano lweethagethi zokusebenza kunye nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF

Uqikelelo lwenkcitho

Isishwankathelo seentlawulo noqikelelo – INkqubo 1: ULawulo

INkqutyana R'000	Umphumela			Esona sabelo 2017/18	Isabelo esilungelalanis iweyo 2017/18	Uqikelelo oluhleng-hlengisiweyo 2017/18	Uqikelelo lwesithuba esiphakathi			Inguqu kuqikelelo Oluhleng-hlengisiweyo ngokwe-% 2017/18
	Okuphichothiweyo 2014/15	Okuphichothiweyo 2015/16	Okuphichothiweyo 2016/17				2018/19	2019/20	2020/21	
1.1 I-Ofisi yeMEC	6 777	5 864	6 418	6 503	6 715	6 715	7 267	7 778	8 204	8.22
1.2 Iinkonzo zoLawulo lweQumrhu	132 189	114 989	122 274	124 918	127 196	127 205	134 395	147 747	159 107	5.65
1.3 ULawulo lwesiThili	50 077	53 420	57 295	68 392	68 526	68 517	76 232	79 633	83 961	11.26
Zizonke iintlawulo nokuqikelelweyo	189 043	174 273	185 987	199 813	202 437	202 437	217 894	235 158	251 272	7.64

Isishwankathelo seentlawulo noqikelelo ngokokuhlelwa koqoqosho – INkqubo 1: ULawulo

Uhlelo loqoqosho R'000	Umphumela			Esona sabelo 2017/18	Isabelo esilungelalanis iweyo 2017/18	Uqikelelo oluhleng-hlengisiweyo 2017/18	Uqikelelo lwesithuba esiphakathi			Inguqu kuqikelelo Oluhleng-hlengisiweyo ngokwe-% 2017/18
	Okuphichothiweyo 2014/15	Okuphichothiweyo 2015/16	Okuphichothiweyo 2016/17				2018/19	2019/20	2020/21	
Iintlawulo zangoku	175 792	161 715	176 325	188 073	191 248	191 248	206 233	222 844	238 280	7.84
Imbuyekezo yabasebenzi	136 858	128 648	144 279	155 507	157 108	157 108	169 810	182 375	195 693	8.08
Impahla neenkono	38 934	33 067	32 046	32 566	34 140	34 140	36 423	40 469	42 587	6.69
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	723	1 802	845	557	92	92	5	5	6	(94.57)
Iiarhente zeSebe neeakhawunti	13	12	4	18	18	18	5	5	6	(72.22)
Amaqumrhu angenzi nzuzo	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Ezasekhaya	710	1 790	841	539	74	74	-	-	-	(100.00)
Iintlawulo zezakhiwo	10 947	9 635	7 580	11 183	11 097	11 097	11 656	12 309	12 986	5.04
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezingashukumiyi	3 049	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	7 898	9 622	7 580	11 183	11 082	11 082	11 656	12 309	12 986	5.18
Iinkqubo zekhompyutha nee-iaseethi ezingabambekiyo	-	13	-	-	15	15	-	-	-	(100.00)
Iintlawulo zeeaseethi eziyimali	1 581	1 121	1 237	-	-	-	-	-	-	-
Uhlalelo lulonke ngokohlalelo loqoqosho	189 043	174 273	185 987	199 813	202 437	202 437	217 894	235 158	251 272	7.64

Iindlela zoMsebenzi neNkcitho

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwo-mali ziya kuqhuba zithunyelwa kwezona ndawo zoqoqosho zifuneka kuzo ngendlela eyiyo nesemgangathweni eziphakathi kweemfuno zoluntu, oondoqo bakarhulumente weSizwe nowePhondo, apho ezona zibalulekileyo inguPSG 5: 'Ukufaka inkqubo yolawulo esemgangathweni kwanokuhlenganisa inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ngokwentsebenziswano kwalokulungelelaniswa kwemo yokusebenzela' kunye neNjongo yeQhinga yeSebe.

Kwesi sithuba saleMTEF, izigqibo seqhinga ezilandelayo ziya kuba nempembelelo kukufezekiswa kweziphumo zeqhinga leSebe:

- Imiba exheshayo ekufikelelwe kuyo yeMbuyekezo yaBasebenzi (CoE):
 - Ukulungiswa ngokutsha kwezibonelelo zabasebenzi ukuphucula imfezeko (isidingo esichongiweyo senkxaso yeenkonzo zequmrhu kumagcisa omsebenzi);
 - Ukukhula okungephi kuluhlu lwabasebenzi kwisithuba seMTEF;
 - Ukungabinakho ukugcinwa komlinganiselo ofunekayo wonoontlalo-ntle kubemi we-1: 4 500 (isithethe somlinganiselo we-1: 5000 edolophini kunye nama-2 500 kwimimandla yasemaphandleni);
 - Ukungahambelani ngokubhekiselele nomndilili wabasebenzi bololongo lwabantwana nolutsha. Umndilili usi-1: 5. Ukungabinakho ukwandisa umndilili wabasebenzi bololongo kubantwana abakwi CYCC ezikhuselekileyo; kunye
 - Nokungabinakho ukubonelela ngokwaneleyo ii-ofisi zesithini nezengingqi ngabasebenzi benkxaso yolawulo, kunye neyunithi entsha kwaBakhubazekileyo ngeNgqondo (uphando lwe-OD kunye neengcebiso ezichongiweyo ezidingekayo ukunikezela ikhono elingaphezulu).
- Umnikelo wesizwe woxhomekeko olungiselelwe abanezidanga bomsebenzi wentlalo abangama-37: 2018/19 (izigidi ezili-R12.96); 2019/20 (izigidi ezili-R14.01); 2020/21 (R14.95);
- Izibonelelo: Ukwandiswa kwee-ofisi zengingqi nololongo – kuxhonyekeke kukufumaneka kwezakhiwo ezifanelekileyo nenkxaso ngokunjalo;
- Uhambelwano nezithethe nemigangatho ukulungiselela ukhuseleko lwabantwana kunye namaziko ololongo lolutsha olusekwe kuvavanyo oluqhutywe liSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (DTPW);
- Ukuhlaziywa kweNgcaciso neTheknoloji yoNxibelelwano (ICT): ukuphuculwa kwezixhobo zentsimbi kwandisiwe ukususela kwiminyaka emihlanu ukuya kwemithandathu kusenokwenzeka ulwandiso olungaphezulu lwesithuba sohlaziyo;
- Ukuvavanywa ngokutsha kokhuseleko neenkcazelo zococo apho iDSD inyanzelekileyo ngokwasemthethweni ukumilisela ukunyuka okungaphezulu kwamaxabiso, umz. Ukhuseleko kunye neenkonzo zococeko (ukumiselwa komvuzo). Imithombo engeminye kumalinge okhuseleko;
- Amaphulo onxibelelweyo ekujoliswe kuko athi andise ulwazi lwamaqhinga ovuselelo ngokutsha kunye neenkonzo ezikhoyo zenkxaso; kunye
- Uphuhliso lwenkqubo yolawulo lwe-NPO ukuqinisekisa ngokufaneleka okukhulu kunye neentlawulo zangethuba zarhoqo ngenyanga kwiiNPO.

Ukunyuka okuvela kuqikelelo oluhlaziyweyo lwezigidi ezingama-R202.437 ngowama-2017/18 ukuya kwizigidi ezingama R217.894 ngowama-2018/19 kubangelwa kwanda kwe-inflationary yeCoE kunye nenkcitho yokusebenza. Isabelo sohlahlo lwabiwo-mali emva kwangoko sinyuka siyokuma kuma-R251.272 ezigidi ngowama-2020/21.

8.2 ULawulo loMngcipheko

Imingcipheko ebalulekileyo achazwe apha ngasezantsi ibe ngumphumela wokuncitshiswa kwesiseko seSebe, ingakumbi oko kwempahla neenkonzo zalo, kwisithuba seMTEF:

Umngcipheko	Ukudanjiswa komngcipheko
<ul style="list-style-type: none"> Umngcipheko wetyala ukuba ngaba isebe lisilele ukuzalisekisa izigunyaziso ezisemthethweni mhlawumbi ngeNPO okanye ngeenkonzo zalo. 	<ul style="list-style-type: none"> Ingqwalasela eyandisiweyo kwizigunyaziso ezisemthethweni nokugxininiswa ekuphakanyisweni komgangatho odingekayo wezi nkonzo; Ukwanda kwabemi kuya kufuneka kufakwe kwisabelo esilinganayo soRhulumente wePhondo njengoko kunempembelelo kulo lonke unikezelo lwenkonzo olungundoqo lwamaSebe.
<ul style="list-style-type: none"> Ukuncitshiswa komgama weenkonzo ezisemthethweni ezinikezelwe (iiNPO) kunokuba nomphumela kwibanga elandileyo leenkonzo zalo iSebe loPhuhliso lweNtlalo (DSD) ukufikelela kwizithuba ezingumphumela, ngemiba erheshayo yomyinge weendleko eziphezulu ezingalungiselelwanga ngokwakaloku nje. 	<ul style="list-style-type: none"> UMnikelo woXhomekeko weSizwe olungiselelwe uphuhliso lwangethuba loBuntwana (ECD): izigidi ezingama-R38.89 kulungiselelwa owama-2018/19, izigidi ezingama-R41.07 zowama-2019/20 kunye nezigidi ezingama-R43.82 zowama-2020/21; Ngaphantsi kwexabiso lemali xa kuthelekiswa nokungabikho kokunyuka; Ukuncitshiswa kwenkxaso-mali yeenkonzo ezingekho mthethweni.
<ul style="list-style-type: none"> Ukwandiswa kwebango leenkonzo zalo ukulungiselela ukuqinisekisa ngokunatyiswa okupheleleyo kokunikezelwa kwenkonzo apho izithuba ezishiywe licandelo leNPO; Ukuncitshiswa kwiNPO kweenkonzo ezisemthethweni ezinikezelwayo; Ukuncitshiswa kophawu kunikezelo lwenkonzo yeenkonzo zayo iDSD; Ukunatyiswa okunganelanga kwimimandla apho kufuneka kutsalwe kuzo iiNPO; Ibango elikhulayo leenkonzo ngenxa yokukhula kwabemi bephondo nokwanda kwendala; Ukusilela kweSebe ukunikezela ngeenkonzo ngenxa yezithintelo zekhono kubasebenzi. 	<ul style="list-style-type: none"> Ukujolisa ngokutsha kwezibonelelo kwiiNPO ukunceda ukunatyiswa okungcono; Ukulungiswa ngokutsha kwezibonelelo zabasebenzi ukuphucula ukufaneleka (isidingo esichongiweyo kulungiselelwa inkxaso yeenkonzo eziqinileyo zequmrhu kumaqela okusebenza omsebenzi wentlalo); Ukuncitshiswa koluhlu lwabasebenzi kwisithuba seMTEF ngenxa yokuba ngaphantsi kokwanda kwepesenti echaziweyo kwisabelo seCoE liCandelo loLawulo-mali.
<ul style="list-style-type: none"> Ukufunyanwa kweenkonzo kuyathintelwa ngenxa yeempawu zendawo ngenxa yokungabikho kwezakhiwo ze-ofisi ezifanelekileyo; Ukuncitshiswa kohlalo lwabiwo-mali lwamasebe afane neDTPW kuya kubangela uxinzelelo olwangezelelweyo kwiDSD (ulolongo lwezakhiwo); Ukuncitshiswa kophawu kwandisa iindleko zokuhamba ezinxulunyaniswe nemisebenzi yonikezelo lwenkonzo kulungiselelwa abasebenzi nabaxhamli benkonzo. 	<ul style="list-style-type: none"> Isibonelelo: Ukusekwa kunye nololongo lwee-ofisi zengingqi; IsiCwangciso soLawulo lokuSetyenziswa kwe-Asethi (U-AMP) kufuneka sixhaswe sisivumelwano senqanaba lenkonzo (SLA) phakathi kwe-DSD neDTPW.
<ul style="list-style-type: none"> Ukuzalisekiswa kwezigunyaziso zesivumelwano kunokuzichaphazela kakubi iindleko zokunikezelwa kwenkonzo nokwandiswa kweNPO apho iDSD ibandakanyekayo ngokwasemthethweni ukumilisela ukwanda okungaphezulu kokuhla kwexabiso kumacandelo athile angalawulwa yiDSD, umz. Ukhuseleko neenkonzo zokucoca (ukumiselwa komvuzo). 	<ul style="list-style-type: none"> Uvavanyo ngokutsha kokhuseleko neenkcazelo zococeko; Umthombo ongomnye kumalinge okhuseleko umzekelo ukusabela kwi-alam xa kuthelekiswa nonogada bokhuseleko beeyure ezingama-24 kulungiselelwa iiSDA.

9 INkqubo 2: linkonzo zeNtlalo-ntle

INjongo yeNkqubo

Kukunikezela iinkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso nezihlanganyelweyo kubantu abahlelekileyo nabasesichengeni ngentsbenziswano namahlakani kwakunye nemibutho yoluntu ngokubanzi.

INkqutyana 2.1 EzoLawulo neNkxaso

INjongo neNkqutyana

Kukunikezela ngenkonzo yokuhlululwa kwemivuzo kwakunye neendleko zezolawulo zabalawuli kunye nabasebenzi abanikezela iinkonzo kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

INkqutyana 2.2 linkonzo kuBantu Abadala

INjongo neNkqutyana

Kukuqulunqa nokuphumeza iinkonzo ezihlanganyelweyo ukuze kunonotshelwe, kuxhaswe ze kukhuselwe abantu abadala.

Ukugxila kweNkqubo

INkqubo yabantu aBadala inendlela yokujongana nokuguga esekwe kuphuhliso, nezamana nokugcina aba bantu badala kwiintsapho nakwiingingqi zabo kangangoko. Eyona njongo iphambili yale nkqubo kukunikezela ngononophelo, inkxaso nokhuselo kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni kwiingingqi abahlala kuzo.

Ekuthatheleni ingqalelo ephambili izidingo ngezibonelelo ezikhoyo, le nkqubo izakugxila kula malinge alandelayo:

- Ukubhaliswa okusaqhubayo kwamaziko ahlalisa nanonophela abantu abadala abangasenamandla;
- Ukubhaliswa kwamaziko anikezela iinkonzo;
- Ukuqinisa nokwandisa uyilo lololongo olusekwe kuluntu;
- Ukuqhutyelwa kwamaziko enkonzo, ukuzihlalela ngokuzimela, indawo zokuhlala ezincedisayo; kunye
- Nokwandiswa kwamanganaba enkxaso-mali kwisithuba seMTEF ukuqinisekisa ulolongo kunye nenkxaso elungiselelwe abantu abadala abakumaziko okuhlala kunye namaziko enkxaso yololongo esekwe kuluntu, njengenxalenye yeqhinga layo ukugcina noluxhasa iinkonzo ezikhoyo zentlalo-ntle ezilungiselelwe abantu abadala kwiphondo. linkonzo ezangezelelweyo kubantu abadala zibandakanya ukhuseleko kunye namalungelo abantu abadala. Ukunyamekela imiba eyahlukeneyo yoqoqosho lwentlalo ethi iphembelele kakubi ukulunga kokuphila nempilo-ntle yabantu abadala, inkqubo iya kugcina iinkonzo ezizodwa ezinikezelwa luluhlu lwamaqabane eNPO aqesha amagcisa enkonzo yentlalo.

Okuphambili okuchazwe ngasentla kulungelelaniswe nezigunyaziso ezisemthethweni eziqulathwe kuMthetho waBantu aBadala kunye nemithetho yaye iSebe lizibophelele ekunikezeleni kwiinkonzo ezilungileyo kule meko.

INJONGO YEQHINGA

Injongo yeqhinga	Ukuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo zophuhliso loluntu ezisemngangathweni nezisekelwe kuphuhliso kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni.
Intetho yeNjongo	Ukuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo zophuhliso loluntu ezisemngangathweni ngokuthi kunikezelwe unonophelo, inkxaso nokhuseleko kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni abangama-25 884 abakwiNtshona Koloni ukuya kuthi ga ngenyanga yoKwindla ka-2020.
Isisekelo	Inani labantu abadala abasemngciphekweni abafikelela kwiinkonzo zophuhliso loluntu kweli Phondo: 25 884.
Isizathu	INkqubo yaBantu aBadala inikezela isikhokelo sokufikeleleka kweenkonzo ezisemngangathweni zokunonophela, zokunikezela inkxaso, kwanokukhuselwa kwabantu abasemngciphekweni kweli Phondo. Kungeemfuno zomthetho ukuba eli Sebe linikezele iinkonzo kubantu abadala ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa komthetho i-Older Persons Act.
Unxulumano	<p>Le njongo inxulumene nePSG 3: "Ukunyusa izinga lempilo-ntle, ukhuselo nokulwa intlupheko ekuhleleni", ikwanxulumene nesiPhumo seSizwe 2: "Ubomi obude nobusempilweni babemi boMzantsi Afrika", IsiPhumo seSizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokwenza igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwilizwe elingcono" nesiPhumo seSizwe 13: "Inkqubo yokhuselo lwabantu ebandakanya wonke umntu".</p> <p>Ikwanxulumene neNjongo yeQhinga lokuSebenza leSebe 4: "Kuphakanyiswe ukusebenza kwabantu abahlelekileyo nabasemngciphekweni eluntwini ngokweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu."</p> <p>Olunye unxulumano: Le njongo inxulumene ngqo nokuphunyzwa koMthetho i-Older Persons Act, oqale ukusebenza ngomhla wokuqala kwinyanga ka-Apreli wama-2010.</p> <p>Ekunikeni abantu abadala abasemngciphekweni, le nkqubo isebenzisana namahlakani azezonye iinkqubo zeli sebe, icandelo leeNPO, amanye amasebe karhulumente, amaziko emfundo ephakamileyo kunye noorhulumente bamakhaya</p>

2.2.1 Injongo yehinga	Isalathiso sokusebenza esisekwe kwinjongo yehinga	Okujoliswe kuko kwesincwano ngciso seqhinga	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
			2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
Kukuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo zophuhliso loluntu ezisemngathweni kubantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni	Inani labantu abadala abasemngciphekweni abafikelela kwiinkonzo ezisemngathweni zophuhliso loluntu kweli phondo	24 850	22 625	22 845	22 471	24 931	24 830	24 850	24 850

IMIGQALISELA YOKUSEBENZA YECANDELO⁷

UMgqalisela woMsebenzi weCandelo	Okuphicothiweyo/owona msebenzi	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi					
		2014/15	2015/16	2016/17	Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	2018/19	2019/20
2.2.1.1 Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zokuhlaliswa ezixhaswa ngemali	8 988	8 419	8 693	9 000	9 000	9 000	9 000
2.2.1.2 Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zononophelo nenkxaso ezisekelwe ekuhlaleni	13 302	13 805	15 121	15 000	15 000	15 000	15 000

UCalulo ngokweKota

UMgqalisela wenkqubo yokusebenza	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithagethi ngonyaka 2018/19	Iithagethi zarhoqo ngekota				Eyongezeleka yo/Engongezekiyo
				1 st	2 nd	3 rd	4 th	
2.2.1.1 Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zokuhlaliswa ezixhaswa ngemali	3	Rhoqo ngekota	9 000	9 000	9 000	9 000	9 000	NC
2.2.1.2 Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zononophelo nenkxaso ezisekelwe ekuhlaleni	3	Rhoqo ngekota	15 000	15 000	15 000	15 000	15 000	NC

IMIGQALISELA YEPHONDO YOKUSEBENZA

UMgqalisela wePhondo wokusebenza	Okuphicothiweyo/owona msebenzi	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi					
		2014/15	2015/16	2016/17	Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	2018/19	2019/20
2.2.1.3 Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zokuhlaliswa ngamaziko afumana inkxaso-mali kwiDSD nazimeleyo.	335	621	656	931	830	850	850

⁷ Imigqalisela yecandelo engaxelwanga icalulwe kwiSihlomo E.

UCalulo ngokweKota

UMgqalisela wePhondo wokusebenza	UNIXULUM ANISO LWEPSG	Iithuba lokunikezelwa kwengxelo	Iihagethi ngonyaka 2018/19	Iihagethi zarhoqo ngekota				Eyongezeleka yo/Engongeze lekiyo
				1 st	2 nd	3 rd	4 th	
2.2.1.3 Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zokuhlaliswa ngamaziko afumana inkxaso-mali kwiDSD nazimeleyo.	3	Rhoqo ngonyaka	830	-	-	-	830	NC

INkqutyana 2.3 IiNkonzo kuBantu abakHubazekileyo**INjongo yeNkqutyana**

Kukuyilwa nokuphunyezwa kweenkqubo ezihlanganyelweyo ze kunikezelwe neenkonzo eziphakamisa ukuthathelwa ingqalelo kwentlalo-ntle kwanokuxhotyiswa ngokoqoqosho kwabantu abakHubazekileyo.

Ukugxila kweNkqubo

Le nkqubo ichonge inani leenkalo ekuzakugxilwa kuzo kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo yeMTEF:

- Ukuququzelela ukumiliselwa kweenkqubo ezijolise ekukhuthazeni amalungelo, uxhotyiso nempilo-ntle yengqondo nentlalo yaBantu abakHubazekileyo ngakumbi abo banokukhubazeka okuchaphazela amalungu amaninzi;
- Ukuququzelela ukumiliselwa kwinkxaso yobuzali neenkqubo zoxhotyiso kubo bonke abazali neempelesi zabantwana kunye nolutsha olukHubazekileyo;
- Ukuzinzisa inkxaso kwiMibutho yeNkonzo yokuKhubazeka (iiDSO) kunye neMibutho yaBantu abakHubazekileyo (iiDPO) ngokunikezela iinkonzo zophuhliso lwentlalo-ntle kuBantu abakHubazekileyo neentsapho zabo kunye/okanye iimpelesi;
- Ukuqhubeka kunikezelwa ngesikhokhelo nenkxaso kumaziko ololongo olulodwa kubantwana abakHubazekileyo kakhulu ngengqondo nokuqinisekisa ngokunikezelwa ngoluhlu lweenkonzo ezibanzi ezilungisa iimfuno zomzimba zomntwana, ezomphefumlo, ezokukhula, ezentlalo nezemfundo;
- Ukusekwa/ukuqiniswa kwamacandelo enkxaso yobuzali ephondo nawengingqi kulungiselelwa abazali babantwana abakHubazekileyo, ngentsebenziswano necandelo leNPO;
- IiNkonzo zololongo zokunikwa kwekhefu ezithi zinikezele ngoncedo kwiintsapho olwenzelwe umntu ngamnye, olukuthambeleyo ukutshintshwa nokusekwe kusapho olulolonga abantwana abanokukhubazeka okukhulayo kunye/okanye okusemzimbeni ngokusetyenziswa koluhlu olubanzi lweenkonzo eziqwalasela izidingo zomzimba womntwana, ezomphefumlo, ezokukhula, ezentlalo nezemfundo kunye nezo zosapho lwakhe; kunye
- Nokuququzelela unikezelo lweenkqubo neenkonzo ezixhathise kwiintsika zePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo elingamaLungelo aBantu abakHubazekileyo.

INJONGO YEQHINGA

Injongo yeqhinga	Kukunikezelwa kweenkqubo ezihlanganeyo kunye neenkonzozo kuBantu abakhubazekileyo kunye neentsapho zabo kunye/okanye neempelesi.
Intetho yeNjongo	Kukunikezela umkhomba-ndlela kumba wokunikezelwa kweenkqubo neenkonzozo ezihlanganyelweyo ngenjongo yokuphakamisa amalungelo, intlalo-ntle kunye nokuxhotyiswa kwabantu abakhubazekileyo ngamandla oqoqosho, iintsapho zabo ezikweli Phondo, ukuze sifikelele kubantu abangama-79 628 ukuya kuthi ngenyanga kaMatshi wama-2020.
Isisekelo	Inani labantu abakhubazekileyo kunye neentsapho zabo/abantu ababanonophelayo abafikelelela kwinkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezisekelwe kuphuhliso kweli Phondo: 79 628.
Isizathu	Le njongo iya kufaka igxalaba ekuhlanganyelweni nasekuthathelweni ingqalelo kwemiba yokukhubazeka kananjalo nokuxhotyiswa kwabantu abakhubazekileyo, iintsapho zabo/abantu ababanonophelayo kwakunye noluntu lokuhlala ngokubanzi
Unxulumaniso	Le njongo inxulumene nePSG 3: "Ukunyusa izinga lempilo-ntle, ukhuselo nokulwa intlupheko ekuhleleni", ikwanxulumene nesiPhumo seSizwe 2: "Ubomi obude nobusempilweni babemi boMzantsi Afrika", isiPhumo seSizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokwenza igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselweyo kwilizwe elingcono" nesiPhumo seSizwe 13: "Inkqubo yokhuselo lwabantu ebandakanya wonke umntu." Olunye unxulumano: Injongo inxulunyaniswe ngqo noMgaqo-nkqubo weSizwe ongokuNikezelwa kweNkonzo zoPhuhliso lweNtlalo kuBantu abakhubazekileyo. Ekunikezelweni kwelungelo lokufumana iinkonzo ezilungileyo kuBantu abakhubazekileyo ngentsebenziswano kunye namahlakani eNkqubo yokuKhubazeka kuzo zonke iinkqubo zeSebe, ii-ofisi ezintandathu zengingqi, icandelo leNPO, amanye amasebe kunye noogunyaziwe bengingqi.

2.3.1 Injongo yeqhinga	Isalathiso sokusebenza esisekwe kwinjongo yeqhinga	Okujoliswe kuko kwesincwangciso seqhinga	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
			2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
Ukunikezelwa kweenkqubo neenkonzozo ezihlanganyelweyo kubantu abakhubazekileyo neentsapho/iimpempelesi	Inani labantu abakhubazekileyo, iintsapho/abanono pheli babo abafikelela kwiinkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso	79 628	59 870	85 475	97 977	79 404	79 628	79 628	79 628

IMIGQALISELA YOKUSEBENZA YECANDELO

UMgqalisela yokuSebenza yeCandelo	Okuphicothiweyo/owona msebenzi	Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi				
			2014/15	2015/16	2016/17	2018/19	2019/20
2.3.1.1 Inani lamaziko anikezele ngeenkonzozo zokuhlala kuBantu abakhubazekileyo	-	33	34	35	37	37	37
2.3.1.2 Inani laBantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkonzo zokuhlala ezifumana inkxaso-mali	1 414	1 421	1 702	1 803	1 882 ⁸	1 882	1 882
2.3.1.3 Inani laBantu Abakhubazekileyo abafikelela kwiinkonzo kwiindibano ezixhaswa ngemali zocweyo ngokhuseleko	2 530	2 815	2 813	2 875	2 885	2 885	2 885

⁸ Lo mgqalisela ubandakanya ngokunjalo abantwana abakumaziko okuhlala.

UCalulo ngokweKota

UMgqalisela wePhondo wokusebenza	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithagethi ngonyaka 2018/19	Iithagethi zarhoqo ngekota				Eyongezeleka yo/Engongezelekiyo
				1 st	2 nd	3 rd	4 th	
2.3.1.1 Inani lamaziko anikezele ngeenkonzo zokuhlala kubantu abakhubazekileyo	3	Rhoqo ngonyaka	37	-	-	-	37	NC
2.3.1.2 Inani labantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkonzo zokuhlala ezifumana inkxaso-mali	3	Rhoqo ngekota	1 882	1 882	1 882	1 882	1 882	NC
2.3.1.3 Inani labantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkonzo kwiindibano ezixhaswa ngemali zocweyo ngokhuseleko	3	Rhoqo ngekota	2 885	2 885	2 885	2 885	2 885	NC

IMIGQALISELA YEPHONDO YOKUSEBENZA

UMgqalisela wePhondo wokusebenza	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
	2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
2.3.1.4 Inani labantu abakhubazekileyo abakwiinkqubo zononophelo zasemini ezisekelwe ekuhlaleni ezifumana inkxaso-mali kwiDSD	603	874	831	854	861	861	861
2.3.1.5 Inani labantu abafikelela kwiinkonzo ezikwizinga eliphezulu ezinikezelwa ziiNPO ezifumana inkxaso-mali kwiDSD	55 323	80 365	92 632	73 872	74 000 ⁹	74 000	74 000

UCalulo ngokweKota

UMgqalisela wePhondo wokusebenza	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithagethi ngonyaka 2018/19	Iithagethi zarhoqo ngekota				Eyongezeleka yo/Engongezelekiyo
				1 st	2 nd	3 rd	4 th	
2.3.1.4 Inani labantu abakhubazekileyo abakwiinkqubo zononophelo zasemini ezisekelwe ekuhlaleni ezifumana inkxaso-mali kwiDSD	3	Rhoqo ngekota	861	861	861	861	861	NC
2.3.1.5 Inani labantu abafikelela kwiinkonzo ezikwizinga eliphezulu ezinikezelwa ziiNPO ezifumana inkxaso-mali kwiDSD	3	Rhoqo ngekota	74 000	18 000	18 000	18 000	20 000	C

⁹ Ukuncitshiswa okubangela kujoliso kubaxhamli benkonzo abathile ukulungiselela amangenelo olwazi, kunokuba kunikezelwe kuluntu ngokubanzi.

INkqutyana 2.4 I HIV nee-AIDS

INjongo yeNkqutyana

Kukuyila nokuphumeza iinkqubo neenkonziso ezihlanganyelweyo zozonophelo ezisekelwe kwiingcingqi ekuhlaleni ezijoliswe ekunqandeni ifuthe elibi leHIV nee-AIDS.

Ukugxila kweNkqubo

Amangenelo eHIV/AIDS kunye nohlahlo lwabiwo-mali ahlanganiswe neNkqubo yoLolongo loMntwana noKhuseleko.

IMIGQALISELA YOKUSEBENZA YEPHONDO¹⁰

INkqutyana 2.5 Uncedo lweNtlalo

INjongo yeNkqutyana

Kukusabela kwiimfuno ezikhawulezileyo ezichongwe kuluntu oluchatshazelwe yintlekele ebhengeziweyo, kunye/okanye engabhengezwanga okanye naso nasiphi na isimo sentlalo esingumphumela wobunzima obunganyamezelekileyo.

Ukugxila kweNkqubo

Inkqutyana yoNcedo loLuntu yiyo ekhokela kumalinge okufikeleleka kuncedo lwentlalo oluhluphekileyo (SRD), oko kukuthi, uncedo nolwethutyana ngokwemali nangenkxaso esuka kurhulumente eya kwabo bachaphazelekileyo nabathi bangakwazi ke ngoku ukuhlangabezana neemfuno zabo ezingundoqo nezeentsapho zabo. UMthetho iSocial Assistance onguNombolo 13 wama-2004 uchaza iindlela abantu ekufuneka benze ngayo ukuze babe nokuqwalaselelwa le nkxaso-mali.

Inkqutyana yoNcedo loLuntu nayo inika abo bathe bachatshazelwa ziintlekele njengoko zithe zachazwa kumthetho iDisaster Management onguNombolo 57 wama-2002. I-Arhente yoKhuseleko loLuntu lweNtlalo (SASSA) kwiNtshona Koloni yiyo enesabelo-mali sala mabakala ohlangulo mabini (SRD).

IsiCwangciso siphuhlisiwe phantsi komqokozo wenkxaso yozondelelo lwamalungelo oluntu yaye sijongana nolungiselelo lokubhangisa iimpembelelo zentlalo ezimbi ezithi zihambe kunye nobume bamanzi bo "Day Zero" kwezinye iindawo zephondo. Kuqikelelwa ukuba ukulahleka kwemisebenzi kwicandelo lezolimo kuya kubeka uxinzelelo kwiintsapho zabasebenzi basefama abachaphazelekayo ngokunjalo namashishini. I DSD iya kusebenza ngokusondeleyo neSebe lezoLimo kunye neSASSA ukuqinisekisa ukuba ezi ntsapho zinakho ukunxulunyaniswa noncedo lwentlalo yezibonelelo zabahluphekileyo. ISebe liya kunikezela ngokunjalo kwizicwangciso zokunokuhla kumanzi zamaziko okuhlala ali-100 kwaxhaswa ngemali kwiSixeko saseKapa. Le nkxaso-mali iya kunceda kumilisele lwemiqathango yoqheliso lwenguqu yesimo sezulu efana nokufakelwa kwezitsali-mali okanye amatanki amanzi. Icandelo lesibini lolu ngenelo liya kuqaliswa kwimimandla yasemaphandleni ephondo

ISebe linikezela iinkonziso zenkxaso zengqondo nentlalo kuwo onke amaxhoba entlekele, ingakumbi amaqela asesichengeni afana nabantwana, abantu abakhubazekileyo nabantu abadala ngohlobo olulungelelanisiweyo.

¹⁰ Imigqalisela yeCandelo engachazwanga icalulwe kwiSihlomelo E.

INJONGO YEQHINGA

Injongo yeqhinga	Kukukhokela kwiimeko apho kudingeka khona iinkonzo zoncdo ezikhawulezileyo nakwiintsizi neentlekele kwabo bachaphazeleke kwinzima neentlekele.
Intetho yeNjongo	Ukuququzelela ukufunyanwa koncdo olukhawulezileyo lokuzondelelwa kwamalungelo abantu kubantu abafanelekileyo abangama-2 690 ukulungiselela ukubhangisa ubunzima obunganyamezelekiyo nempembelelo yezehlo zentlekele ngoMatshi 2020.
Isisekelo	Inani labantu abathe bahlolilelwa ukudluliselwa kwiSASSA yeNtshona Koloni ukuze babe nokufikelela kwiinkonzo zoncdo loluntu: 2 543.
Isizathu	Kukunikezela umkhombandlela kumba wokufikeleleka kweenkonzo ezikhawulezileyo zoncdo kwakunye nokuthuthuzelwa ngokwasemoyeni kubantu abachaphazeleke kwiintlekele kunye/okanye neentsizi abathe bahlangana nazo.
Unxulumano	<p>Le njongo inxulumene nePSG 3: "Ukunyusa izinga lempilo-ntle, ukhuselo nokulwa intlupheko ekuhlaleni", ikwanxulumene neNjongo Yesicwangciso-qhinga seSebe 2 ("Kuphakanyiswe ukusebenza kwabantu abahlelekileyo ekuhlaleni nabasemngciphekweni ngokweenkonzo zentlalo-ntle)" kwakunye neNjongo Yesicwangciso-qhinga seSebe 5: Ukudalwa kwamathuba ngokweenkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni".</p> <p>Ikwanxulumana neSiphumo Sesizwe: Kudalwe iindawo zokuhlala ezikwazi ukuzimela ze kuphuculwe umgangatho wempilo yekhaya" kunye neSiphumo Sesizwe 13: "Inkonzo Yokhuseleko Loluntu ebandakanyayo nephendulayo</p> <p>Okunye ukuthungelana: UN Millenium Development Goals, amaQhinga okuBhangiswa kweNtlupheko</p>

2.5.1 Injongo yeqhinga	Isalathiso sokusebenza esisekwe kwinjongo yeqhinga	Okujoliswe kuko kwesincwangciso seqhinga	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelwe yo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
			2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
Kukukhokela kumalinge okufikeleleka ngokukhawuleza nangethutyana kweenkonzo zohlangulo loluntu kwiinzima kwabo bachatshazela ziinzima ezibuhlungu neentlekele	Inani leemeko zeentlekele nezeenzima ezibuhlungu (kumakhaya) ezithe zahlolwaze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo loluntu.	2 690	Ayiqinisekiswa ¹¹	3 556	3 504	2 543	2 570	2 690	2 830

¹¹ Isigama "ayiqinisekiswa" ibhekiselele kwinqubo ye-ofisi esileleyo ukufumana amaxwebhu axhasayo avela kwiirejista zeSASSA ngokunjalo neerekhodi zazo zonke izehlo ekubhekiselelwe kuzo yaye ngoko akubanga nakho ukunika ingxelo yeenkcukacha zamanani ezithembekileyo zalo mgqalisela.

IMIGQALISELA YOKUSEBENZA YEPHONDO

UMgqaliselela wePhondo wokusebenza	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
	2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
2.5.1.1 Inani leemeko zeenzima ezibuhlungu (kumakhaya) ezithe zahlolwa ze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo kwiinzima zoluntu	ayiqiniseki kwanganga	2 256	1 616	1 218	1 105	1 155	1 255
2.5.1.2 Inani leemeko zeentlekele (kumakhaya) ezithe zahlolwa ze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo kwiinzima zoluntu	Ayiqiniseki kwanganga	1 300	1 888	1 325	1 465	1 535	1 575

UCalulo ngokweKota

UMgqaliselela wePhondo wokusebenza	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithageathi ngonyaka 2018/19	Ithageathi zarhoqo ngekota				Eyongezele ka yo/Engong eze lekiyo
				1 st	2 nd	3 rd	4 th	
2.5.1.1 Inani leemeko zeenzima ezibuhlungu (kumakhaya) ezithe zahlolwa ze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo kwiinzima zoluntu	3	Rhoqo ngekota	1 105	280	290	290	245	C
2.5.1.2 Inani leemeko zeentlekele (kumakhaya) ezithe zahlolwa ze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo kwiinzima zoluntu	3	Rhoqo ngekota	1 465	356	387	376	346	C

9.1 Ulungelelwano lweethageathi zomsebenzi kunye nohlahlo lwabiwomali neMTEF

Uqikelelo lweNkcitho

Isishwankathelo seentlawulo kunye noqikelelo – INkqubo 2: Iinkonzo zeNtlalontle

INkqutyana R'000	Umphumela			Esona sabelo 2017/18	Isabelo esilungelamishwe 2017/18	Uqikelelo oluhlangengisiweyo 2017/18	Uqikelelo lwesithuba esiphakathi			Inguqu kuqikelelo Oluhlangengisiweyo ngokwe-% 2016/17
	Okuphichot hi-weyo 2014/15	Okuphichot hi-weyo 2015/16	Okuphichot hi-weyo 2016/17				2014/15	2015/16	2016/17	
2.1 ULawulo neNkxaso	370 425	388 516	409 787	446 870	438 576	438 576	480 080	519 515	553 320	9.46
2.2 Iinkonzo kuBantu abadala	174 720	195 523	206 067	237 371	236 619	236 619	245 098	255 308	263 916	3.58
2.3 Iinkonzo kuBantu abakhubazekileyo	89 719	134 130	150 454	163 765	161 990	161 990	169 708	178 100	187 052	4.76
2.5 Uncelo lweNtlalo	-	1 708	2 074	2 236	4 084	4 084	2 019	2 312	2 658	(50.56)
Zizonke Iintlawulo noqikelelo	634 864	719 877	768 382	850 242	841 269	841 269	896 905	955 235	1 006 946	6.61

Isishwankathelo seentlawulo noqikelelo ngokohlalelo loqoqosho – INkqubo 2: Iinkonzo zeNtlalo-ntle

Uhlelo loqoqosho R'000	Umphumela			Esona sabelo 2017/18	Isabelo esilungelelanisiw eyo 2017/18	Uqikelelo oluhlang-hlangisiwe yo 2017/18	Uqikelelo lwesithuba esiphakathi			Inguqu kuqikelelo Oluhlanga - hlengisiwe yo ngokwe-% 2017/18
	Okuphichot hi-weyo 2014/15	Okuphichot hi-weyo 2015/16	Okuphichot hi-weyo 2016/17				2018/19	2019/20	2020/21	
Iintlawulo zangoku	355 136	382 968	415 485	459 515	446 987	446 765	489 762	530 394	565 503	9.62
Imbuyekezo yabasebenzi	314 051	336 834	361 045	400 923	390 886	390 664	431 659	466 009	498 893	10.49
Impahla neenkonziso	41 085	46 134	54 440	58 592	56 101	56 101	58 103	64 385	66 610	3.57
Okukhutshelweyo nenkxaso-mali	265 870	321 680	335 928	373 289	376 953	377 175	388 674	405 338	420 866	3.05
Iiarhente zeSebe neekhawunti	-	-	7	-	-	-	6	6	7	-
Amaqumrhu angenzi nzuzo	264 439	320 964	334 867	373 189	376 496	376 496	388 614	405 275	420 799	3.22
Ezasekhaya	1 431	716	1 054	100	457	679	54	57	60	(92.05)
Iintlawulo zezakhiwo	13 858	15 229	16 969	17 438	17 329	17 329	18 469	19 503	20 577	6.58
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezingashukumiyi	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	13 858	15 229	16 969	17 438	17 329	17 329	18 469	19 503	20 577	6.58
Iintlawulo zee-Asethi eziyimali ezinkozo	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Lulonke uhlelo ngokoqoqosho	634 864	719 877	768 382	850 242	841 269	841 269	896 905	955 235	1 006 946	6.61

IiNdlalela yokuSebenza neNkcitho

Izicwangciso nohlahlo lwabiwo-mali lweSebe luya kuqhuba lusisiwa kwezona nkalo zizidingayo ngendlela eyongayo, esebenzayo nesemgangathweni ukuze ifikelele kuzo zonke, phakathi kweemfuno zoluntu kunye noondoqo besizwe nabephondo, apho eyona ibalulekileyo nguPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko nokuncitshiswa kwemikhwa".

Kwisithuba seli xesha leMTEF, ezi zigqibo zisekelwe kwiqhinga ziya kuba nefuthe ekuzuzweni kweziphumo zeqhinga:

- Abantu abakhubazekileyo: Ukwandiswa kwamagumbi okulala kwabantwana nabantu abadala abakhubazeke ngengqondo nabanendlela yokuziphatha enika umngeni;
- Ukuqeshwa konontlalontle abanezidanga kusetyenziswa umnikelo woxhomekeko (uMnikelo weNgaqosho woNontlalontle);
- Ukunyuka okungaphantsi komlinganiselo wexabiso lemali kwiiNPO;
- Ukubekwa phambili kweenkonzo ezisemthethweni nokumiliselwa ngamanqanaba kwezigunyaziso ezisemthethweni; kunye
- Nokuncitshiswa kweeprojekti zoshishino ezingabalulekanga nemisebenzi.

Ukunyuka okuvela kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwezigididi ezingama-R841.269 ngowama-2017/18 ukuya kutsho kwizigididi ezingama-R896.905 ngowama-2018/19 kubangelwe ziinkonzo zentlalo-ntle nokubonelelwa kokwandiswa kweeNPO. Isabelo sohlahlo lwabiwo-mali emva koko sinyuke saya kutsho kwiwaka lezigidi ezi-R1.007 ngowama-2020/21.

9.2 ULawulo loMngcipheko

UMngcipheko	UkuThintelwa koMngcipheko
<ul style="list-style-type: none"> ● Umngcipheko wetyala xa lithe isebe lasilela ukuhlawula izigunyaziso ezisemthethweni ngeenkondo zeNPO okanye ezizezalo. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukunyuka kujolise kwizigunyaziso ezisemthethweni nogxininiso ekuzisweni kwezi nkondo zibe semgangathweni ofunekayo; ● Ukwanda kwabemi kuya kufuneka kubalwe kwisabelo esilinganayo soRhulumente wePhondo njengoko kuba nempembelelo kuwo onke amasebe angundoqo okunikezelwa kwenkonzo.
<ul style="list-style-type: none"> ● Ibango elandileyo lweenkonzo zalo ukulungiselela ukuqinisekisa ukunatyiswa okupheleleyo kokunikezelwa kweNkonzo apho kunezikhewu ezishiywe licandelo neNPO; ● Ukuncitshiswa okupheleleyo kokunikezelwa kweNkonzo nokulunga kuxhonyekekwe: <ul style="list-style-type: none"> ● Kukuncitshiswa kweenkonzo ezinikezelwayo ezisemthethweni kwiNPO; ● Kukuncitshiswa kuphawu lokunikezelwa kwenkonzo zalo iDSD; ● Ukunganeli kokunatyiswa kweenkonzo kwimimandla apho iiNPO kufuneka zirhoxiswe. ● Ibango elikhulayo leenkondo ngenxa yokukhula kwabemi bephondo nokuzinza kwegondo lendlala; ● Ukungabinakho kweSebe ukunikezela iinkondo ngenxa yezithintelo zekhono kubasebenzi. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukunikezela ngokutsha izibonelelo kwiNPO ukunceda ngokunatyiswa okungcono; ● Ukulungelelanisa ngokutsha kwezibonelelo ukuphucula ukufaneleka (iimfuno ezichongiweyo kulungiselelwa iinkondo zenkxaso ezomeleleyo zequmrhu kumaqela okusebenza omsebenzi wentlalo); ● Ukuncitshiswa kwenani kwisithuba seMTEF ngenxa yokunyuka kwepesenti echaziweyo kwisabelo seCoE liCandelo lePhondo loLawulo lweMali.
<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuncitshiswa kokuthamba kwemali okube nomphumela wokuqiniswa kwesimo sokungena nokuphuma kwemali ezinkozo kungasisiphumo: <ul style="list-style-type: none"> ● Kukungahlawulwa kweNPO kunye nezinye iikontilaka; ● Kukwanda kumthwalo wolawulo onxulunyaniswa nolungelelwaniso lweshedyuli zentlawulo. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuhambelana neSLA esesikweni phakathi kwamasebe amabini kuya kuqinisa ukusabela okuhlanganyelwayo konikezelo lwenkonzo ngokubhekiselele kukuqaliswa kwe-SRD; ● Ukuvavanya inkqubo yentlawulo kwiNPO ngothethwano nePT; ● Ukuphuculwa kothethwano phakathi kweDSD necandelo leNPO.

10 Inkqubo 3: EzaBantwana neeNtsapho

INjongo yeNkqubo

Kukunikezela ngeenkonzelo ezigqibeleleyo zanonophelo nenkxaso kubantwana neentsapho abakwiindawo zabo zokuhlala ngentsebenziswano namahlakani kwakunye nemibutho yoluntu ngokubanzi.

INkqutyana 3.1 EzoLawulo neNkxaso

INjongo yeNkqutyana

Kukuqinisekisa ukuba iindleko zemivuzo yabasebenzi nezolawulo zabasebenzi kumacandelo olawulo ziyahlawuleka ngeenkonzelo kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

INkqutyana 3.2 ULolongo neeNkonzo kwiiNtsapho

INjongo yeNkqutyana

Iinkqubo neenkonzelo zokuphakamisa iintsapho ezisebenzayo kwanokuthintelwa kokuba semngciphekweni kweentsapho.

Ekujoliswe kuko yinkqubo

Usapho yiyunithi yesiseko yololongo ekufuneka ngoko inikezelelo ngobume obufanelekileyo ukulungiselela uphuhliso lomzimba, lomphfumlo kunye nentlalo yawo onke amalungu alo kunye nabo bonke abantwana baxhamle amalungelo afanayo, kubandakanywa ilungelo kulolongo nokhuseko lwabazali nosapho.

Ekubekeni phambili iimfuno ngokwezibonelelo ezifumanekayo yaye kuthatyathwa ingqalelo yokokuba zonke ezinye iinkqubo zinikezela iinkonzelo zazo kubume bosapho le nkqubo eya kuthi ijolise kubo kula mangelolo alandelayo kwisithuba sonyaka-mali olandelayo:

- Ukuphuhliswa kweqhinga eliyilwayo lephando lokuthintela nongenelo lwangethuba; Ukunikezelwa kwenani elaneleyo nokunatyiswa kothintelo oludingekayo kunye neenkqubo zongenelo zangethuba, ukukhuthazwa kosapho nokugcinwa kweenkonzo, iinkqubo zonyango neenkonzelo zolamlo;
- Ukunikezelwa okuchongiweyo, ukufaneleka kobudala kunye neenkonzelo zongenelo lwangethuba kulungiselela abasesichengeni nabantwana abasemngciphekweni;
- Ukunikezelwa kweendawo zokhuseleko ezithi zinikezele iinkqubo ezixhabe kuvuselelo lokubuyiselwa esimeni esisiso, ukuhlanganisa kwakhona nokudibanisa abantu abadala abangenawo amakhaya kwiintsapho zabo noluntu lwabo lokuqala; kunye
- Ukusetyenziswa kwezithethe nemigangatho elungiselelwe iinkonzelo eziya kwiintsapho kunye neendawo zokhuseleko ezilungiselelwe abantu abadala abangenawo amakhaya ngokumiliselwa kwesiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weNgqinisekiso yokuLunga.

INJONGO YEQHINGA

Injongo yeqhinga	Amalinge ahlanganyelweyo agxile ekwakheni iintsapho eziluqilima.
Intetho yeNjongo	Kukuxhasa nokwenza luqilima iintsapho kwakunye namnalinge okwenza uluntu ekuhlaleni nalapho kugxilwa kumanyano ngokuthi kunikezelwe uthotho lweenkonzo ezihlanganyelweyo ekwakheni iintsapho eziluqilima kwintsapho ezingama-22 241 nto leyo iyakukhokelela ekuphucukeni kwezinga lempilo ukuya kuthi ga ngenyanga kaMatshi wama-2020.
Isisekelo	Inani leentsapho ezifikelela kuthotho lweenkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso nezithabatha inxaxheba kwezi nkonzo ziphakamisa ulondolozo lweentsapho: 20 486.
Isizathu	Iintsapho eziluqilima ziphucula amathuba obomi amalungu eentsapho. iinkonzo ezinika iintsapho zisekelwe kwiNdelela yokoMelezwa Kweentsapho – isikhokelo esithabatha usapho njengeyona nto ibalulekileyo ekubeni nefuthe ezimpilweni nakwiziphumo zabantwana; yaye iintsapho ziba luqilima xa iingingqi ezikhuselekileyo nezizizamelayo zibaxhasa.
Unxulumaniso	Le njongo inxulumana noPSG 3: "ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko kwanokuncitshiswa kwemikhuba." Ikwathungelana neNjongo yeQhinga yeSebe 3. Ngapha koko, ikwathungelana neSiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kwanokufaka igxalaba kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kwakunye nesiPhumo seSizwe 13: "Inkqubo yoKhuseleko loLuntu ebandakanyayo nesabelayo."

INJONGO YEQHINGA

3.2.1 Injongo yeqhinga	Isalathiso sokusebenza esisekwe kwinjongo yeqhinga	Okujoliswe kuko kwesicwangciso seqhinga	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
			2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
Amalinge ahlanganyelweyo yo natho kwajoliswa kuwo agxile ekwakheni iintsapho eziluqilima	Inani leentsapho ezifumana iinkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso ezomeleza iintsapho noluntu ekuhlaleni	22 241	23 490	24 143	22 284	20 486	20 996	22 241	22 890

IMIGQALISELO YECANDELO LOKUSEBENZA

UMgqalisela yokuSebenza yeCandelo		Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
		2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
3.2.1.1	Inani lamalungu eentsapho athe abuyiselwa kwiintsapho zawo	422	412	647	425	700	750	800

UCalulo ngokweKota

UMgqalisela yokuSebenza yeCandelo	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithagethi ngonyaka 2018/19	Ithagethi zarhoqo ngekota				Eyongezele ka yo/Engong eze lekiyo	
				1 st	2 nd	3 rd	4 th		
3.2.1.1	Inani lamalungu eentsapho athe abuyiselwa kwiintsapho zawo	3	Rhoqo ngekota	700	200	200	150	150	C

IMIGQALISELA YEPHONDO YOKUSEBENZA

UMgqalisela wePhondo wokusebenza	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi			
	2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21	
3.2.1.2	Inani leebhedi ezifumene inkxaso-mali kurhulumente ezikwiisheltha zabantu abadala abangenamakhaya.	1 398	1 368	1 371	1 391	1400	1420	1440
3.2.1.3	Inani leentsapho ezithabatha inxaxheba kugcino losapho kunye neenkonzo zenkxaso.	14 160	14 931	14 010	20 061	20 296	21 491	22 090

UCalulo ngokweKota

UMgqalisela wePhondo wokusebenza	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithageathi ngonyaka 2018/19	Ithageathi zarhoqo ngekota				Eyongezele ka yo/Engong eze lekiyo	
				1 st	2 nd	3 rd	4 th		
3.2.1.2	Inani leebhedi ezifumene inkxaso-mali kurhulumente ezikwiisheltha zabantu abadala abangenamakhaya.	3	Rhoqo ngonyaka	1 400	-	-	-	1400	NC
3.2.1.3	Inani leentsapho ezithabatha inxaxheba kugcino losapho kunye neenkonzo zenkxaso.	3	Rhoqo ngekota	20 296	5 037	5 208	5 555	4 496	C

INkqutyana 3.3 ULolongo lwaBantwana noKhuseleko

INjongo yeNkqutyana

Kukuyilwa nokuphuyezwa kweenkqubo neenkonziso ezikhokelisa uphuhliso, ulolongo nokhuseleko lwamalungelo abantwana.

Okujoliswe kuko yinkqubo

Ezona mfuno zemithetho eli sebe ekufuneka lusebenze ngazo kule nkqubo yiyo ke loo nto ikukugxila okupheleleyo kwezona mfuno zingundoqo zomthetho iChildren's Act kuzo zonke iimfuno zeenkonziso ngokwemithetho, ndawonye nokuhlolwa ngokukuko kwazo. Amanganelo athathelwa phezulu kweli sebe xa zikho zonke izibonelelo ezidingekayo zezi zilandelayo:

- linkonziso zothithelo – uxanduva lwabazali namalungelo, imfundo yoluntu ejolise kuxanduva loluntu kunye nesigunyaziso sokunika ingxelo ngokuphathwa kwakubi komntwana ukulungiselela ukuthintela ukuphathwa kakubi komntwana nokungakhathalelwa ngokunjalo nokuxhatshazwa;
linkonziso zongenelo lwangethuba – ezinikezela ngoluhlu lweenkqubo ezilungiselelwe abantwana abasemngciphekweni kubandakanywa, kodwa kungaphelwanga:
 - Kwiinkqubo zophuhliso lwabafikisayo;
 - Kwiinkqubo ezilungiselelwe abantwana abanobunzima bokuziphatha, obengqondo nomphumlo;
 - Kwiinkqubo ezichasene nokungqawangaza/makungangqawangwazwa;
 - Ingcebiso ngokwenzakala nokubhujelwa; kunye
 - Nakwinkxaso kubantwana abafuduke bengakhathiswa yaye abahlukaniswe nabazali babo (USMC).
- Iinkonziso zomthetho ezilungiselelwe abantwana abadinga ulolongo nokhuseleko. Ingqwalasela iya kuba:
 - Kukhuselo novavanyo lomngcipheko;
 - Kulolongo lokhuselo lwethutyana lwabantwana abasemngciphekweni;
 - Kubantwana abakulolongo lwempelesi. Kumiliselwe lwesiCwangciso sePhondo soLawulo loLolongo lweMpelesi kunye nesiCwangciso soMiliselwe soLolongo oluHlangeneyo seMpelesi;
 - Kwinkonziso zokwamkelwa njengomntwana wakho ezilungiselelwe abantwana; kunye
 - Nakulolongo lwethutyana kunye neenkqubo zenkxaso ezilungiselelwe abantwana abasele bekulungele ukuphuma kulolongo olulolunye.
- Ukunikezelwa kweenkonzo zololongo zasemva kokuphuma kwesikolo:
 - Ukudityaniswa kunye neenkonziso zololongo kwasemva kokuphuma kwesikolo; kunye
 - Nokumiliselwa kwezithethe nemigangatho ngokuhambelana noMthetho waBantwana ngokumiliselwa kwesiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weNgqinisekiso sokuLunga.
- Nokunikezelwa okuqhubekayo koqeqesho kubasebenzi benkonzo yentlalo ngemicimbi enxulumene kumiliselwe loMthetho waBantwana.

INJONGO YEQHINGA

Injongo yeqhinga	Kukukhokelisa kwinkqubo yokunikezelwa kothotho lweenkonzo eziphakamisa intlalo-ntle yaBantwana kwanokwakhiwa kwamandla abantu abadala kwanoluntu ekuhlaleni ukuze babe nokunonophela abantwana babo.
Intetho yeNjongo	Ukutyala nokuqinisekisa ukufikeleleka kweenkonzo ezisemgangathweni kubantwana, kuquka nabo badinga unonophelo nokhuselo ngokunikezela umkhomba-ndle wokunikezelwa kothotho lweenkonzo eziphakamisa intlalontle yabantwana neentsapho ezingama-10 356 ukuya kuthi ga ngenyanga kaMatshi wama-2020.
Isisekelo	Inani labantwana neentsapho ezikweli Phondo abafikelela kwiinkonzo zononophelo nokhuselo: 8 723.
Isizathu	Kukufaka igalelo ekwehleni kwenani lamatyala athi afakwe ngokuphathwa gadalala kwabantwana; Kukufaka igalelo ekuphuculweni kwentsebenzo kwakunye nobuqilima beentsapho ukuze banonophele ze bakhusele abantwana babo; Kukufaka igalelo kukhuselo nophuhliso lwabantwana; kunye Nokufaka igalelo ekudalweni kwamathuba okukhula kwanawezithuba zengqesho ukujongana nalo mngeni wentlupheko engumvuka wokungabikho kwengeniso.
Unxulumaniso	Le njongo inxulunyaniswe kwiNjongo 3 yeQhinga leSebe njengoko ezi nkonzo zixhibe ekwakheni kumandla abantwana, iintsapho kunye noluntu. INjongo yeSebe ngokunjalo kunxibelelwano ngqo kwimiphumela yeSizwe: "Ukwakha uMzantsi Afrika, i-Afrika engcono kune nehlabathi elingcono" kunye noMphumela we-13 weSizwe: Inkonzo ebandakanyayo nesabelayo yoKhuseleko lweNtlo" Kunxulunyaniswa noPG3 "ukwanda kwempilo-ntle, ukhuselo nokuncintshiswa kobubi bentlalo." yoKhuseleko Loluntu ebandakanyayo nesabelayo."

3.3.1 Injongo yeqhinga	Isalathiso sokusebenza esisekwe kwinjongo yeqhinga	Okujoliswe kuko kwesincwangciso seqhinga	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
			2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
Ukuququzelela ukuba babe nokuphila, badlamke ngokwase-mizimbeni, engqondweni ze bazive bekhuselekile ngokwase-moyeni, bakwazi ukuqhuba njengabanye abantu ze bakwazi nokufunda	Inani labantwana kunye neentsapho kwiPhondo elifumana iinkonzo zololongo nokhuseleko	10 356	11 435 ¹²	7 573	7 503	8 723	10 494	10 356	10 868

IMIGQALISELA YEPHONDO YOKUSEBENZA¹³

UMgqaliselela yokuSebenza yeCandelo	Okuphicothiweyo/owona msebenzi	Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi				
			2014/15	2015/16	2016/17	2018/19	2019/20
3.3.1.1 Inani labantwana ababekwe kulolongo lwempelesi.	3 507	3 702	4 121	3 150	3 460	3 655	3 670

¹² linguqu kwisimo sesabelo-mali. lithagethi ze-ECD zazibandakanyiwe ngaphambili.

¹³ Izalathisi zecandelo ekunganikezelwanga ngxelo ngazo zithiwe theca kwiSihlomo E.

UCalulo ngokweKota

UMgqalisela yokuSebenza yeCandelo	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithagethi ngonyaka 2018/19	Ithagethi zarhoqo ngekota				Eyongezele ka yo/Engong eze lekiyo	
				1 st	2 nd	3 rd	4 th		
3.3.1.1	Inani labantwana ababekwe kulolongo lwempelesi.	3	Rhoqo ngekota	3 460	880	895	850	835	C

IMIGQALISELA YEPHONDO YOKUSEBENZA

UMgqalisela wePhondo wokuSebenza	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi			
	2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21	
3.3.1.2	Inani labantwana ababuyiselwe kwiintsapho zabo okanjye abasiwe kubanye abantu abazakubanonophela.	416	413	387	403	414	421	428
3.3.1.3	Inani labazali nabanonopheli abagqibe iinkqubo zemfundo noqeqesho ngobuzali.	5 721	3 458	2 995	3 320	3 360	3 045	3 500
3.3.1.4	Inani lophando kumbuzo wokokuba ingaba umntwana uyaludinga na ulolongo nokhuseleko olungaqaliswanga yiNkundla yaBantwana	-	-	Isalathisi esitsha	3 000	4 770	4 935	4 960
3.3.1.5	Inani lamatyala athe avulwa kwiNkundla yaBantwana (uphando oluqalwe yiNkundla yaBantwana).	-	Isalathisi esitsha	1 883	2 000	1 950	1 955	1 980
3.3.1.6	Inani leengxelo zeForm 38 ezithe zangeniswa ngoonontlalo-ntle ababekwe yiNkundla	-	Isalathisi esitsha	2 623	3 800	3 130	3 242	3 262
3.3.1.7	Inani lamatyala akwiNkundla yaBantwana athe aqosheliswa	-	Isalathisi esitsha	2 806	3 800	2 613	2 628	2 658

UCalulo ngokweKota

UMqalisela wePhondo wokusebenza	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithagethi ngonyaka 2018/19	Ithagethi zarhoqo ngekota				Eyongezele ka yo/Engong eze lekiyo
				1 st	2 nd	3 rd	4 th	
3.3.1.2 Inani labantwana ababuyiselwe kwiintsapho zabo okanjye abasiwe kubanye abantu abazakubanonophela.	3	Rhoqo ngekota	414	84	108	121	101	C
3.3.1.3 Inani labazali nabanonopheli abagqibe iinkqubo zemfunda noqeqesho ngobuzali.	3	Rhoqo ngekota	3 360	407	457	358	2 138	C
3.3.1.4 Inani lophando kumbuzo wokokuba ingaba umntwana uyaludinga na ulolongo nokhuseleko olungaqaliswanga yiNkundla yaBantwana	3	Rhoqo ngekota	4 770	1 154	1 257	1 237	1 122	C
3.3.1.5 Inani lamatyala athe avulwa kwiNkundla yaBantwana (uphando oluqalwe yiNkundla yaBantwana).	3	Rhoqo ngekota	1 950	496	499	492	463	C
3.3.1.6 Inani leengxelo zeForm 38 ezithe zangeniswa ngoonontlalo-ntle ababekwe yiNkundla	3	Rhoqo ngekota	3 130	777	823	769	761	C
3.3.1.7 Inani lamatyala akwiNkundla yaBantwana athe aqosheliswa	3	Rhoqo ngekota	2 613	600	682	704	627	C

INkqutyana 3.4 Ezophuhliso lweeNtsatshana noNonophelo Olungagqibelelanga

INjongo yeNkqutyana

Kukunikezela uthotho olungqibeleleyo lweenkonzo zophuhliso lweeNtsatshana.

Okujoliswe kuko yinkqubo

Ezi nkalo zilandelayo zamangenelo okuncedisa, ajoliswe ekuphuculeni ukufikeleleka kothotho lweenkonzo ezisemgangathweni, zithe zabekelwa bucala ngenjongo yokuzithathela ingqalelo kwisithuba seminyaka emithathu ukuya kwemihlanu ezayo:

- Kukunikezela umkhomba-ndle kumba wonikezelwa kwenkonzo ze-ECD kweli phondo (ezikumaziko nezingaphandle kwamaziko) ngokuthi kuqulunqwe isicwangciso Sokubonelela esisebenza njengesixhobo sokucwangcisa nesokuhlalela isabelo semali;
- Kukuphucula umgangatho we-ECD kumaziko e-ECD ajongwe ngelibomvu apho ukulungela isikolo kungekho mgangathweni weWCED ngenjongo yokufaka igxaaba ekuphuculweni kwiziphumo zemfundo yabantwana;
- Kukuphucula umgangatho wesondlo kumaziko e-ECD, ngentsebenziswano neSebe Lezempilo;
- Kukuxhaswa ukuthathelwa ingqalelo iimfuno zabantwana abakhubazekileyo kumaziko eECD ajongwe ngelibukhali ngokuthi kunikezelwe uqeqesho, uphuhliso lwabahlohli, ukubandakanyeka kwabazali nenkxaso, inkxaso kumba wezixhobo ezisemgangathweni;
- Ukuqhuba kokuphuculwa komgangatho we-ECD ngentsebenziswano namanye amasebe kunye namahlakani ngokuthi kuqeqeshwe abahlohli, baphuhliswe, bacetyiswe ze banikwe inkxaso, ukuphunyezwa kwesikhokelo sekharithulam yabantwana abasusela ekuzalweni kuye kuma kwiminyaka emine bezelwe; ukubhaliswa nokuphunyezwa kweenkqubo zemfundo yala maziko; ukuhlolwa kokuphuculwa kwale nkqubo ndawonye nokuthotyelwa kwemimiselo nemigaqo elawulayo;
- Ukubeka phambili ubhaliso olunemiqathango lwamaziko ololongo olungaphelelanga lwe-ECD kulungiselelwa izibonelelo ezincinane nololongo ngokusetyenziswa komnikelo woxhomekeko;
- Ukuvavanywa kweendlela zokunikezelwa kwenkxaso-mali ezintsha nezizezinye ezifana nokuxhotyiswa koluntu kwakunye neebhondi zefuthe zoluntu ngenjongo yokwandisa amathunga engeniso ekunikezelweni kweenkonzo ze-ECD; kwakunye
- Ukuququzelela nokuxhasa ubhaliso nobhaliso ngokutsha kwamaziko ololongo olungaphelelanga neenkqubo ze-ECD ukuphucula ukufunyanwa neenkonzo ezilungileyo.

ISebe liya kuqhubeka ngezi projekti zilandelayo:

- Intsebenziswano neDOH, ingqwalasela kwiiNtsuku ezili-1000 zokunikezelwa kweenkonzo ezihlangeneyo kubantwana abaselula;
- Iinkqubo zenkxaso kubazali;
- Ukuqhubeka kobhaliso lweenkqubo ze-ECD ngentsebenziswano neWCED; kunye
- Nenkqubo eyodwa ye-ECD elungiselelwe ulwimi lwesiNgesi nophuhliso lwengqiqo kwindawo apho ukulungela isikolo kungekuhle kwaphela.

INJONGO YEQHINGA

Injongo yeqhinga	Ukuququzelela isimo esilolongayo, esikhathalayo nesikhuselekileyo kubantwana okokuba baphile, babe sempilweni yomzimba, ngengqondo, ngokhuseleko lomphfumlo nokulungela intlalo nokuba nakho ukufunda.
Intetho yeNjongo	Ukutyala nokuqinisekisa ngeenkono ezilungileyo ze-ECD ne-ASC ezithi zikhuthaze ukhuselo nophuhliso lwabantwana abangama-88 000 ngoMatshi 2020.
Isisekelo	Inani labantwana kwiPhondo abafumana ulolongo neenkono zophuhliso ama-88 000.
Isizathu	Ukunikezela nesixhobo songenelo kwangethuba nokhuseleko lomntwana; Ukusekwa kwesiseko sokuphuculwa kweziphumo zesikolo nokubeka isiseko kulungiselelwa imfundo yobomi bomntu bonke; Indlela yokunciphisa indlela kubantwana; kunye Nethuba lokuphuhlisa amakhono nobuchule obudingekayo kumathuba oqaqosho kubomi obuzayo.
Unxulumano	Le njongo inxulumana neQhinga leSebe: iNjongo 3 apho iinkono ezijoliswe kkwakheni amandla abantwana, iintsapho noluntu ekuhlaleni. Injongo yesebe ikwathungelana ngqo neziphumo zeSizwe: "Ukuphucula umgangatho wemfundo esisiseko "kwanokudala uMzantsi Afrika ongcono, i-Afrika engcono kunye nehlabathi elingcono kwakunye nesiphumo seSizwe 13: Inkonzo yoKhuseleko loLuntu ebandakanyayo neSabelayo yoKhuseleko lweNtlalo Ikwathungelana ngokunjalo nenjongo yeqhinga "Ekukuphucula ulawulo lwentsebenzo" njengoko imibutho kulindeleke ukuba ithobele imithetho nemiqathango yokufumana inkxaso-mali.

3.4.1 Injongo yeqhinga	Isalathiso sokusebenza esisekwe kwinjongo yeqhinga	Okujoliswe kuko kwesicwangciso seqhinga	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
			2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
Ukuququzelela isimo esilolongayo, esikhathalayo nesikhuselekileyo kubantwana okokuba baphile, babe sempilweni yomzimba, ngengqondo, ngokhuseleko lomphfumlo nokulungela intlalo nokuba nakho ukufunda.	Inani labantwana abakweli phondo abafumana iinkono ze-ECD neenkono zolonophelo lwase-mva kwesikolo	88 000	83 871	86 294	75 285	88 000	88 000	88 000	88 000

IMIGQALISELO YECANDELO LOKUSEBENZA ¹⁴**IMIGQALISELA YEPHONDO YOKUSEBENZA**

UMgqalisela wePhondo wokusebenza		Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
		2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
3.4.1.1	Inani labantwana abakwiinkqubo neenkonzelo ze-ECD ezifumana inkxasomali. ¹⁵	77 649	78 359	68 887	81 000	81000	81000	81000
3.4.1.2	Inani labantwana abakwiinkqubo ze-ASC. ¹⁶	6 222	7 935	6 398	7 000	7 000	7 000	7 000
3.4.1.3	Inani lamaziko ololongo abhaliswa ngokungaphelelanga. ¹⁷	1 909	1 708	1 872	1 850	1 900	1 900	1 900

UCalulo ngokweKota

UMgqalisela wePhondo wokusebenza	UNXULUM ANISO LWEPSG	Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Ithagethi ngonyaka 2018/19	Ithagethi zarhoqo ngekota				Eyongezeleka yo/Engongezelekiyo	
				1 st	2 nd	3 rd	4 th		
3.4.1.1	Inani labantwana abakwiinkqubo neenkonzelo ze-ECD ezifumana inkxasomali. ¹⁸	2, 3	Rhoqo ngonyaka	81 000	-	-	-	81000	NC
3.4.1.2	Inani labantwana abakwiinkqubo ze-ASC.	3	Rhoqo ngonyaka	7 000	-	-	-	7 000	NC
3.4.1.3	Inani lamaziko ololongo abhaliswa ngokungaphelelanga. ¹⁹	3	Rhoqo ngekota	1 900	1 900	1 900	1 900	1 900	NC

¹⁴ Izalathisi zecandelo ekunganikezelwanga ngxelo ngazo zithiwe thaca kwiSihlomo E.

¹⁵ Iinkqubo neenkonzelo zisetyenziswa ngothintshwano.

¹⁶ Inguqu kumgqalisela ukusuka kwinkqubo ye-ASC ukuya kwinkonzelo ye-ASC. Lo mgqalisela ubala inani labantwana abafumana iinkonzelo zoLolongo lwaseMva kokuPhuma kweSikolo olubhalisiweyo noluxhaswa ngemali (ASC) ezibandakanya amaZiko oLolongo angaPhelelanga e-ASC (axhaswa ngemali ngamanye) kunye neenkqubo ze-ASC ezibhaliswe ngokwahlukeneyo, kodwa zixhaswa ngemali yaye zilawulwa ngokusetyenziswa kwabanikeleli ngenkonzo ze-ASC.

¹⁷ Kweli nani, malunga ne-10% ngamaziko ololongo angaphelelanga abhalisiweyo e-ASC.

¹⁸ Iinkqubo neenkonzelo zisetyenziswa ngothintshwano.

¹⁹ Kweli nani, malunga ne-10% ngamaziko ololongo angaphelelanga abhalisiweyo e-ASC.

INkqutyana 3.5 Ezamaziko oNonophelo lwaBantwana noLutsha

INjongo yeNkqutyana

Kukunikezela nononophelo nenkxaso eyiyenye kubantwana abasemngciphekweni.

Okujoliswe kuko yinkqubo

Kukudala imeko efikelelekayo yokunikezelwa kwendawo yokuhlala kubantwana abanesidingo soko nokhuseleko ngokuthi kunikezelwe inkqubo entlantlo-ninzi kwakunye nendlela yokunikezelwa kothotho lweenkonzo zeengcali apho ukuxhotyiswa nophuhliso zancedisa ekunuyiselweni kwaba bantwana kuluntu ukuze bakhule babe ngabantu abadala an bathatha kubo uxanduva.

Amalinge athe athathelwa ingqalelo phantsi kwezibonelelo ezikhoyo ami ngolu hlobo:

- IQhinga lesiBonelelo seeCYCC kwiNtshona Koloni kubantwana kwinkalo yesidingo sezononophelo nokhuseleko ngokubanzi, kugxilwa kwimisantsa ethe yafunyaniswa ngokuthi zijongisiswe (isibonelelo seenkqubo ezinqabileyo);
- Ukubhaliswa kweeCYCC;
- Ukuhlaziywa kokubhaliswa kweeCYCC;
- Ulawulo lwezokufakwa kumaziko olusebenzayo noluphantsi kolawulo olululo ngenjongo yokuqinisekisa ukungena kwinkqubo efanalekileyo ngokwemigaqo yezibonelelo zomthetho iChildren's Act ekuhlengahlengisweni kweeCYCC. Kukuqinisekisa irejista yamahlakani onke kwezononophelo olukumaziko yaye nokuhamba-hamba kwawo kusemgceni. Ukuqwalaselwa kwezicelo zokususwa kwabantwana besiba kunonophelo olukumgangatho ophezulu wononophelo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba abantwana bafakwa kwezona nkalo zononophelo zibafaneleyo nezingabavimbiyo;
- Ukunikezelwa kwala manqanaba ononophelo:
 - Inqanaba 2 – iiCYCC zabantwana abanesidingo sononophelo nokhuseleko, ukunyangelwa ukusebenzisa gwenxa iziyobisi kwinqanaba lokuqala, izigulo ezinganyangekiyo, ukukhubazeka kancinci, izidingo ezingephi zokulungiswa kwesimilo, izidingo ezingephi zokunyangwa kwempilo yengqondo ekufuneka zinikezelwe ikakhulu kumaziko emibutho efumana inkxaso-mali;
 - Inqanaba 3 – Unonophelo ngokwemigaqo yomthetho iChildren's Act kubantwana abanesidingo esimandla sokulungiswa iindlela zokuziphatha (kuquka ukusebezisa gwenxa iziyobisi kunye nempilo yolwaphulo-mthetho) ngokwamaziko aphantsi kolawulo lweDSD anikezela iinkonzo zoNonophelo lwaBantwana noLutsha; kunye
 - Inqanaba 4 – ulolongo lokhuseleko ngokuhambelana noMthetho waBantwana woBulungisa, obandakanya inkqubo epheleleho yololongo lokuhlala.
- Ukunikezelwa kweenkqubo njengoko kucacisiwe kwisahluko 191 somthetho iChildren's Act ngokwezidingo. Inkqubo ezisekelwe kuphuhliso, kwezonyango nezolonwabo ziyakunikezelwa yiCYCC nganye; kunye
- Ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo nemimiselo yeeCYCCs ngokuthi kunikezelwe inkxaso ngokusekelwe kwisicwangciso-qhinga, uvavanyo, uqeqesho kwakunye neenkqubo zokuqinisekisa umgangatho weenkonzo.

INJONGO YEQHINGA

Injongo yeqhinga	Kukunikezela isikhokelo sokunikezelwa kolunye unonophelo nenkxaso kubantwana ekufumaniseke ukuba banesidingo sononophelo nokhuseleko.
Intetho yeNjongo	Kukutyala nokuqinisekisa umgangatho weenkono zononophelo lokuhlala kubantwana abangama-3 380 abanesidingo sononophelo nokhuseleko ukuya kuthi ga ngenyanga kaMatshi wama-2020.
Isisekelo	Inani labantwana abanesidingo sononophelo nokhuseleko abathe bafakwa kuMaziko oLolongo lwaBantwana noLutsha afumana inkxaso-mali: 3 210.
Isizathu	Kukufaka igxalaba kwezinye iinkono zololongo, ukhuseleko nenkxaso kubantwana ekufumaniseke ukuba banesidingo sononophelo nokhuseleko.
Unxulumaniso	<p>Unxulunyaniswa nePSG3 "ukwandiswa kwempilo-ntle, ukhuselo nokuncitshiswa kobubi bentlalo" ngokunjalo nokunxulunyaniswa neQhinga leSebe iNjongo 3 njengoko ezi nkono zixhabe ekwakheni kumandla abantwana, iintsapho kunye noluntu.</p> <p>INjongo yeSebe ngokunjalo kunxibelelwano ngqo kwimiphumela yeSizwe: "Ukwakha uMzantsi Afrika, i-Afrika engcono kunye nehlabathi elingcono" kunye noMphumela we-13 weSizwe: Inkono ebandakanyayo nesabelayo yoKhuseleko lweNtlalo Kunxulunyaniswa noPG3 "ukwanda kwempilo-ntle, ukhuselo nokuncitshiswa kobubi bentlalo."</p>

3.5.1 UMgqalisela wePhondo wokusebenza	Isalathiso sokusebenza esisekwe kwinjongo yeqhinga	Okujoliswe kuko kwesincwa ngciso seqhinga	Okuphicothiweyo/owona msebenzi			Umsebenzi oqikelelweyo 2017/18	Okujoliswe kuko kwesithuba esiphakathi		
			2014/15	2015/16	2016/17		2018/19	2019/20	2020/21
